

# UKUBANDAKANYWA NOKRISTU



Enkosi, kakhulu kakhulu. Ndonwabe kakhulu ngokubuya ndibe lapha, eGameni leNkosi. Nditshe ilizwi kancinane, okokuqala, kodwa iNkosi ivumile ukuba ndingene kwigeri yesibini, emva komzuzwana. Ngoko, bendithetha kakhulu kule veiki, enkonzweni. Kwaye kwakho imibuzo emininzi emelwe kukuphendulwa. Ngoko ndiphuma kwisakhiwo, kushushu. Loo nto ke... Andinangqele imbi kakhulu. Kwaye andizange ndizive ndingcono ngokungaphezulu, ebomini bam. Ngoko, ndiziva ndiphilile nje, kodwa umqala wam usetyenziswe kakhulu nje. Kuza kulunga ke. Ngoko ndifuna ukubulela kumntu ngamnye kuni, ngento yonke eniyenzileyo.

<sup>2</sup> Ndizame ukufumanisa... Njengoko bendiqhuba ndinyuka, kwimizuzu embalwa edlulileyo, uBilly nabanye kubo bebengaphandle, bezama ukufumana olo sapho luncinci beluhlile lwaza lwaphelelwa yimali, alwabi nako ukuphindela emva. Ukuba basekho apha esakhiweni, ndinqwenela... ukuba baphakamise isandla, okanye into ethile. Be—Bendifuna okuthile ngaloo nto, okukwam. Ngoko ke olo sapho luncinci luvela eMichigan, okanye kwindawo ethile, oluthe—oluthe lwaphelelwa ngamafutha okanye okuthile, okanye imali. Ukuba—Ukuba niselapha edolophini... Ukuba nithe nababona emva kwenkonzo, nibadlulise ngasendlwini yam. Yabona? Kukho into endiyifunayo kuloo nto. Nantso—Nantso e... Sikhongenxa yaloo nto, ukuze sinikezele isandla sokuncedisa, nakubani na esinokuba nako. Ngoko, ngoku, iNkosi uYesu yasisikelela, umthandazo wethu.

<sup>3</sup> Ngoku, ibe yiveki engaqhelekanga le, yaye sifumene izinto ezingaqhelekanga. Kodwa ndizakuthi andizange ndibone xesha apho uMoya oyiNgewele wakhe wahamba-hamba ngokukhululeka kunokubaENZILE kule veiki, enkonzweni, kube yinto nje emangalisa ngokugqibeleleyo kum. Nangexesha lasebusuku ukungena kwam, ngamanye amaxesha kube yintsimbi yokuqala ekuseni phambi kokuba ndibe ndingaya kulala. Ndivuya nje kwiingcinga zokuba iNkosi uYesu ilungile kuthi. Kwaye ngoku mna...

<sup>4</sup> Nawuphi na kuni bantu balapha kufutshane, esixekweni, okanye kubumelwane obukufutshane, abangekabinakhaya, ibandla elilikhaya, namnkelekile apha, ukuba nize naxesha nini na nenze ibe likhaya lenu eli. Kulungile, asinabulungu apha, bubudlelane nje bomntu wonke. “Asinayo,” njengoko uHoward Cadle wayedla ngokuthi, “akukho mthetho koko luthando; akukho mgaqo koko nguKristu; kungekho ncwadi koko yiBhayibhile.” Ngoko nihlala namnkelekile kulo mnquba mncinane.

Wona lowo, silindele, ukuba iNkosi ithandile, ngokukhawuleza kangangoko sinokuba nako, ukuba sakhe inkonzo engcono, eyona—eyona ndawo inokuba nomthamo omkhulu. Ingabi nkulu kakhulu, kuba sikholwa ukuba uYesu uyabuya kwamsinya, yaye asifuni nto inabe kakhulu. Sifuna nje into ethile. . . Le seyilungele ukubhodloka. Ikusebenzile ebimiselwe kona, yaye sinombulelo kakhulu ngayo.

Andinakuze ndilibale. Kanye kulaa ndawo imi kuyo le pulpiti ngoku, malunga namashumi amabini evisayo eminyaka eyadlulayo, ndandiguqe emgxobhozweni wakudala, ingca yasendle inde ukudlula intloko yam. Yaze iNkosi yathi, “Yakha inkonzo yakho apha.” Isiza esincinci, esathi saya kwabakwa-Ingram sasifumana ngekhulu elinamashumi amathandathu eedollar, ukuba sasiya kuwazalisa. Yayilichibi lomkhenkce eli apho sasidada khona ngokutshibiliza.

<sup>5</sup> UMzalwana uJess Spencer unokuba uyakhumbula, yayilichibi apha kule ndawo, inguye noDade Spencer. Ndiyaqonda ukuba niyayikhumbula loo nto. Babledla ngokuzisa amaqela emidlalo apha, baqhube bajikele *apha* kule ndawo, ukulumnkela ukuba bangangeni echibini.

Ndandiyinkwenkwe encinane apha kwiSikolo i-Ingramville. Yayilichibi eli; siphume size apha ukuza kutshibiliza emkhenkceni, size—size sidlale umdlalo—schinny nayo yonke enye into, echibini. Mzalwana Mike, uyakhumbula ngethuba yayilichibi le ndawo. [UMzalwana Mike uthi, “Ewe.”—Mhl.] Ewe, mhlekazi. UMzalwana Roy, phaya emva.

Ke ngoku, apho kwakumi khona ichibi, sisenayo indawana yayo eshiyekileyo, *ilapha* kanye ngasemva. Kulapho sibhaptizela khona abantu emanzini ukuze baxolelwe izono zabo. Ke ngoku le. . .

<sup>6</sup> Uyazi, xa usisiza imibuzo, naxa u—unento ofuna ukuyiphakamisa, kuba yingxaki ngenxa yokuba abaphulaphuli bexebene. Abantu bafundiswe ngenye indlela kungenjalo ngenye. Kodwa xa unokucacisa into, nangokuchasene noko bafundiswe kona, nobumnandi bomoya wabo uphepheza ukuphindela, yinto yobuthixo leyo, kum.

Andifuni kuzisa naliphi na igama elithile. Kodwa u—ugqirha othile, ongowalapha esixekweni, usandula ukuhlangana nam phaya egumbini; ugqirha wezamazisa, ndiyaqonda. Kwaye, uthe, yiminyaka ebehleli ekhonkxeke kuloo nto. Uye wafunda incwadi ebibhaliwe malunga nayo, echaseneyo noko bendikufundisa. Kodwa, wathi, okoko ethe wahlala enkonzweni, waze wabona iinyaniso zeSibhalo zibekwa, loo nto iyilungise ngokungenasiphelo.

<sup>7</sup> Kumzuzwana odlulileyo, ndihlangene phaya ngaphakathi egumbini, nabantu abathile abavela ngaphandle kwesi sixeko, abavela e-Illinois. Yaye bekukho malunga nabalungiseleli

abane, isithathu okanye isine sabalungiseleli. Baze bathi, “Mzalwana Branham, sifundise into echaseneyo noko, ubomi bethu bonke, kodwa siwubambile umbono ngoku kwaye siyabona ukuba yintoni na eneneni eyiNyaniso. Besihleli simangalisiwe ukuba yintoni na.” Yabona? Ke ngoku, loo nto, yabona, yiloo nto esiyiyo ngoku. . .

<sup>8</sup> Yiloo nto nje eyiyo, mzalwana, ungacingi ukuba loo nto ithobela phantsi naliphi na ibandla okanye nabaphi na abantu. Loo nto inyusa nje iBandla. Yabona? Ke ngoko, sisonke, simelwe kukuma ngeenyawo. Simelwe kukuma ngeenyawo sisonke. Xa abo. . .

Ekuzahluleni kukaThixo ngePentekoste, eqhekeza iNtsika yoMlilo ukuze ibe zezincinane, iintsika ezincinane zoMlilo, waze waya kundanda phezu kwabantu, noMoya oyiNgcwele wehla phezu kwabo. Ukuba uThixo Wazahlula phakathi kwethu, lonke ixesha kukho umntu ozongezayo kuthi, oko kuya kunyuka ngakumbi ngakulaa Ntsika, lonke ixesha. Yaye sisonke, xa lonke iBandla elikhulu elikhululwe ngentlawulelo kaThixo, litsaliwe lahlanganiswa, siyakuthabatha uhambo sinqumle isibhaka-bhaka, ngokuqiniseke kangangoko.

<sup>9</sup> Andizange ndizame ukwahlula okanye ukuhlwayela ukungevani phakathi kwabazalwana. Ndizame ngako konke endinako ukuba nobubele kanye kangangoko ndinokuba nako, ukuba ngoqondayo. Kwaye—Kwaye amanye amadoda, ukuba wona. . . amabandla axhasa inkonzo yam. Ngoko ukuba bona ba. . . Ahlukahlukene elinye kwelinye, kodwa bayandithanda, yaye bayakuzixhasa iinkonzo zam. Ke ndiyakungena phakathi kwabantu babo, andiyi kuthetha nento enye eneneni. I—Inene alinakuyenza loo nto, abeke phi ke uMkristu. Ngokuqinisekileyo akanakuyenza.

Ke ngoko ukuba ndithe ndaneenkonzozentente; zona ezo ndiceba ukuzenza, iNkosi ithandile, ngenye imini. Ngoko ndi—ndiyakwenza njalo, phambi kokuba ndifundise nantoni na ngezi mfundiso, kuqala kuyakuba kwiinkonzo zakusasa kubalungiseleli, okweentsuku ezithile, ndibenze bazi into endizakufundisa yona. Ukuze ke ukuba lo mzalwana akayiboni engavumelani, nawuphi na umzalwana, ngoko makathabathe ibandla lakhe, athi, “Ngoku, andifuni ukuba niyive lento. Asizukuya xa befundisa laa Nto.” Yabona? Ndibanike ilungelo. Sifuna ukuhlala njalo sinobudlelane obuhle noThixo kunye nabantwana baKhe, nomntu ngamnye.

<sup>10</sup> Ngoko, ngoku, ndinombuzo endimelwe kukuwuphendula ngokuhlwanje, iNkosi ithandile. Ndicinge ukuba mhlawumbi ndingawuphendula loo mbuzo, kanye ngaphambi koko. Bendicinga ukuba bendinomnye olapha, kodwa ibiliphupha ebelixelwe ngomnye umntu, efuna ukuba ndilithandazele ukuze kufumaneke ingcaciso. Ekuthe, iNkosi yaba nenceba kangako kuthi, ekwenzeni loo nto, ngamaxesha amaninzi.

<sup>11</sup> Ngoku, sifuna ukuba nazi, ngaphambi kokuba siqalise inkonzo, ukuba nimenywa ngobubele ukuba nibuye kwinkonzo nganye, lonke ixesha esithe sanayo. Kwaye kwabavela eLouisville, abavela ngaphandle kwedolophu, nabavela esixekweni nasekujikelezini; aba balungiseleli balungileyo; umzalwana ovela eSellersburg; abaculi; elaa nenekazi, ndingalikhumbuliyo igama lalo, belicula apha, kumzuzwana odlulileyo, nalaa mfo mncinane. Siyanibulela, kakhulu. Be—Bendithetha nabanye abazalwana phaya emva, ndaze andabi nalo nethuba lokubona ukuba ibingubani na, nokuba ibiyintoni na, kodwa ukuva kona ndivile. Bekumnandi, yaye ndikuvuyela ngenene oko kuzama. Ngoku si . . .

<sup>12</sup> Ndiphosiwe phezolo. Unyana wam ufake engxoweni yam. Kukho umntu othile othandekayo othe wabhala. Ke ngoku ukhumbule, le mibuzo asiyomibuzo yakuzama ukuphikisa. Ngamanye amaxesha, mhlawumbi, xa babhalileyo, bavakala njengabaphikisayo, kodwa yintliziyo enyanisekileyo, izama ukufumanisa. Yabona? Siyivela ngaloo ndlela maxa onke, umntu wenene onyanisekileyo ezama ukufumanisa ukuba yiyiphi na into elungileyo.

<sup>13</sup> Ngoku, apha kwixesha elithile elidlulileyo, ndandiphaya ezantsi ekhaya, ndiqhuba inkonzo yomthandazo. NoMzalwana uJunior Jackson, ndimvile emzuzwini odlulileyo, kungenjalo bendicinga ukuba ndiyamva, wayekunye nam. Wayegqiba kuthetha ke. Kwabe kukho apho umlungiseleli ovela kwenye inkonzo. Ndathi nje ndingekafiki nokufika eqongeni, waxhuma waqalisa, wafuna ukuxambulisa nam. Ke, kwenzeka ukuba kube kukho malunga nesihlanu sabalungiseleli apho, bebonke ke babeyakunyukelana naloo ndoda ngaxa linye. Ndathi, “Hayi. Musani ukuyenza loo nto. Ngoku, u—ucele undikho kum, ngoko mayibe ndim naye abayilungisayo loo nto.”

Kwalunga, waqalisa. “Sithetha apho iBhayibhile ithetha khona; sithule apho Ithule khona,” njalo-njalo. Nabo ke beqhubeka. Kwathi nje ngemizuzwana embalwa . . . Ndahlala ndiziphawula ezo Zibhalo wayezicaphula, engazibeki ngendawo yazo. Wathi, “Kwakungekho ngaphezulu . . . Kwakungekho ngaphezu kwelo shumi linesibini labantu kuphela elamnkela uMoya oyiNgcwele. Yayingabapostile abo. Nempiliso eNgcwele yanikelwa kuphela kwelo shumi linesibini,” njalo-njalo. Ngoko, uyabona, wayewuphose kakhulu umxholo, ngesigidi seemayile. Ngoko emva kwe . . . emva kokuba ndi . . . Emva kokuba kudlule malunga nesiqingatha seyure inguye othethayo, ndambuza . . . Kwaye wayethe ndinguMtyholi.

<sup>14</sup> Ke ngoko ke, emva kokuba egqibile ukuthetha, ndathi, “Ngoku, into yokuqala endifuna ukuyithetha, mzalwana, ndiyakuxolela ngaloo nto, ngokuba ubungazimisela ngaloo kuloo

nto. Ndiyazi ukuba ubungazimisela. Kuba, ukuba ungumlungiseleli nam ndingumlungiseleli, simelwe kukuba ngabazalwana.” Yabona? Ndaze ke ndathi, “Ngoku, ukungaqondani kwethu, eSibhalweni, yinto eyahlukileyo leyo.”

<sup>15</sup> Ngoku ke saqala ukuthatha iSibhalo. Olo sizana lomfo lwalulahlekile ke, emzuzwini nje, wayengazi ukuba makeme phi na okanye enze ntoni na. Ngoku, wabopheleleka kakhulu, akazazi ukuba makenze ntoni na. Waze yena, ekuhambeni kwakhe ephuma kweso sakhiwo, phofu, ngobo busuku, wathi, “Ndizakuthetha into enye, Mzalwana Branham. UnoMoya kaKristu.” Yabona?

Ndaze ndacinga, “‘UMtyholi,’ kwimizuzu embalwa edlulileyo, ke ngoku ‘uMoya kaKristu.’” Yindlela nje othi uyivele ngayo into. Kuphelele apho. UKristu ibingengowokuxambulisana.

<sup>16</sup> Ngoku—Ngoku, le ndoda, ngenxa yokuba yayenze loo nto, yehlelwa zizinto ezibuhlungu; yaphantse yaphulukana nengqondo yayo. Iphuma kwiziko okanye into ethile, yaxhuma yaphuma ngefestile, yaphantse yazibulala. Ke ngoku ibuyela kubahlobo bam abalungileyo. Iyafuna, mihla yonke, ubhaptizo loMoya oyiNgwele. Ifuna ukuza endlwini yam, ukuze ibekwe izandla, yamnkele uMoya oyiNgwele; umshumayeli wehlelo elikhulu lenkonzo. Yabona?

<sup>17</sup> Ngoku, kungentliziyo enyanisekileyo ukuphendula kwethu le mibuzo, ngako konke esaziyo ukuba masiphendule njani na.

<sup>18</sup> Ke ngoku ndizakufunda lo mbuzo, ubhalwe kakuhle.

**1. Mzalwana Branham, ungayicacisa ukuba kutheni na abantu kwiZenzo 2:4 bathetha ngeelwimi okanye iintetho, ngaphambi kokuba isihlwele sihlngane kwiZenzo 2:6?**

Ngumbuzo wokuqala lowo. Ewe. Ikwangumntu omnye, ndiyaqonda, kananjalo. Ewe, ikwangumntu omnye.

<sup>19</sup> Kulungile, ngoku, ukuba uyakuqaphela, mzalwana, dade, nokuba ngubani na owubhalileyo. Ayikhange ithethe negama malunga nokuba behla, ukuphuma kwigumbi eliphhezulu. Yaye abaphulaphuleyo babekwigumbi eliphhezulu. Kodwa kwathi bakuphumela kwiintendezezo apho sasihlanganisene khona isihlwele, naku apho baqalisa khona ukuthetha ngeelwimi. Yabona? Yabona?

<sup>20</sup> Ngoku, usenokuthi, “Ke, bathetha naphaya phezulu.”

Yaye ukuba yayiyimpikiswano okanye ukuxambulisana, ubusenokuba nelungelo elifanelekileyo kananjalo lokuthi, “Abazange bathethe bada bazakufika apha ezantsi, ngokuba, ‘Kwakuxa oku kwathi kwangxolwa ngako.’” Yabona?

Ngoku, enye into apha, ihamba kunye nale.

**2. Ungakhe ucacise ukuba uSimon wazi njani na ukuba uMoya oyiNgcwele wawukhutshiwe kwiZenzo 8:18? KukwaSafari ke apho.**

<sup>21</sup> Ke, inye into, wayengazi ukuba babenoMoya oyiNgcwele ngenxa yokuba babethetha ngeelwimi, kungenjalo iBhayibhile ayizange ithi babethetha ngazo. Babona nje iziqhamo. Akukho mntu unokuwamnkela uMoya oyiNgcwele kungekho nto yenzekileyo kuye. Injalo loo nto. Kodwa ayizange ithi bathetha ngeelwimi apho, ngoko imelwe kukuba ibe yinto eyenye awayibonayo ngaphandle kokuthetha ngeelwimi, ngokuba ayizange ichaphazele kuthetha kwabo ngalwimi.

**3. Uze ucacise ke ukuba sazi njani na ukuba abanye babantu boMhla wePentekoste bathetha isiGalili.**

<sup>22</sup> Icandelo elikhulu labo apho lalingamaGalili. Bebonke ke...Ngoku, njengokuba benditshilo kusanaje...Ngoku, zimbini izinto, amajelo amabini. Ngoku, ndizakuthabatha eli cala lokuba abantu babethetha ngeelwimi; abantu babengathethi ngalwimi, koko ngeentetho, ekuphumeni kwabo kwigumbi eliphezulu baqala ukuhlangana nabantu. Kodwa ukuba uyakusifunda iSibhalo, phula-phulisisa ngoku.

*...aba bonke bathethayo asingamaGalili na?*

*Kutheni na ke—ukuba sibeve nje sonke ngabanye bethetha ngezakomawethu iintetho, esazalelwa kuzo?*

*...asingamaGalili na aba bathethayo?*

<sup>23</sup> Basenokuba babethetha isiGalili, kodwa babeva bethetha ngezinye iintetho. Kusenokwenzeka ukuba babethetha ngolunye ulwimi, ulwimi olulolwabo. Ngenye kwezo ndlela, akunamsebenzi; loo nto nangoko ayenzi ukuba uluvo lwakwaMoya lube lolululo. Yabona? Kuba...Phula-phula. Nanku unobangela. Asikokuthetha into ephikisayo, koko nje kukuvelisa uluvo ngokukuko. Ukuba uyaqaphela, kwakutheni ukuze uPetros enyuke ngoko athethe neso sihlwele sisonke, baze bonke bamva ethetha ngolwimi awayethetha ngalo. Kuba, kwaguquka amawaka amathathu, ingawamaJuda angqongqo awayengqongqo kangangoko ayenokuba nako kunqulo lwawo. Kodwa kusenokuba ema, aqonda ilizwi ngalinye, intshumayelo kaPetros ngabaprofeti, nokunjalo, eyinyusa eyizisa kwiPentekoste. Kuba bakhwaza, bathi, “Madoda bazalwana, singathini na ukuze sisindiswe?”

UPetros wathi, “Guqukani, nibhaptizwe nonke ngabanye eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono.”

<sup>24</sup> Ngoku make ndithethe oku, nge—ngeyona...ngentliziyo yam yonke, ukuze ubone ukuba...yintoni na endifuna ukuba uyifumane. Ndiyakholwa ngenene ekuthetheni ngeelwimi. Ndiyakholwa ukuba loo nto isisipho kwiBandla. Ndiyakholwa ukuba kukho ukuthetha ngeelwimi. Ndikhe ndathetha ngeelwimi, ngamaxesha amaninzi, oku kwam.

<sup>25</sup> Make ndikunike isiganeko esincinane, soko ndicinga ukuba yayikuko iPentekoste. Ngoko ke ndiya...into efana nayo, ngoku, okanye into elolu hlobo. NdandiseDallas, eTex...eHouston, eTexas, kanye phambi kokuba lo mfanekiso uthathwe, malunga nosuku olunye. Ngesasifumene iHolo yoMculo; sasinamawaka asibhozo. Abantu abazange bakwazi ukungena, ngoko saya ngaphaya kumnquba kaRaymond Richey. Ndiyalibala nje...Yaiyenkulukazi, umnquba omkhulu. Yaye—Yaye sayizalisa ntli. Ndandiye ndishumayeke ke ndithandazele abagulayo, apha. Ngoko, bathi ekubakhupheni kwabo, bewelela ngaphaya, ndishumayeke ndibathandazele ngapha, ooRaymond Richey, phesheya komlambo.

<sup>26</sup> Sathi ke sisengapho, silungiselela ukubuyela kwiHolo yoMculo. Mna...UHoward wandiyeka ndaqhubela phambili kangangoko ndandinako. Waze wandichukumisa egxeni, wandichwetha ecaleni [UMzalwana Branham uyazithwaxa—Mhl.]

Ukuba uyaqaphela, egumbini, xa intambiso ihlile, bandichwetha, *kanje*. [UMzalwana Branham uyazithwaxa—Mhl.] Loo nto ithetha, “Lixesha lokupheza. Sukuba sathetha. Yiza.” Kwaye uHoward, yayidla ngokuba nguye, ndandisima phaya, aze abambe isandla sam, andiphose egxeni kuye aphume ahambe. Yabona? Kuba, wayesazi ukuba ndandidiniwe.

Ke, ndaqala ukushiya iqonga akuba endichwethile. Ndathi, “Kulungile, mzalwana.” Ndaqala ukumka eqongeni, intombazana ke, intombazana encinci, yayihleli, imi apha, ilila. Encinane, intombazana yomMexico, ikhangeleka imalunga neshumi elinesibini, ishumi elinesine leminyaka ubudala, isengumntwana ophakathi nje. Ndakhangelela kuyo, ndaze ndathi, “Yintoni ingxaki, sthandwa?” Ndathi, “Iyalila, Howard, ngokuba...”

Wathi, “Sowudiniwe. Likho elinye iqela eliphaya, elilindilileyo.”

Ndaze ndathi, “Yinyuseni ize apha.” Ndathoba nje, ndahamba ngolu *hlobo*. Yaze yenyuka yakhwela eqongeni. Ndiyakholwa ukuba uMzalwana Woods nabanye babekhona, ngoku. Babekuloo nkonzo. Andazi nokuba kungeloo xesha na okanye hayi. Mzalwana Woods, uphi, ngokuhlwanje? [UMzalwana Banks Wood uthi, “Ndilapha.”—Mhl.] Waku...Ingaba kunjalo? [“Kunjalo.”] Ewe, wawukho apho. Ndaze ndathi, “Mziseni eqongeni.”

Ke, ndathi, “Khangela, sthandwa. Uyakholwa ukuba uThixo unako ukundixelela ukuba yintoni na ingxaki yakho?” Wabe eyithobe njalo intlokwana yakhe. “Ke,” ndacinga, “inokuba usisithulu esisisimumu.”

<sup>27</sup> Ngoko, ndakhangela kwakhona. Ndabona ukuba yingxaki yokuthetha. Ndathi, “Owu, akakwazi kuthetha siNgesi.” Wayengakwazi nokuthetha igama elinye lesiNgesi. Ngoko wayevela eMexico. Ngoko bafumana itoliki ukuba ize. Ndaze ndathi, “Uyakholwa, sthandwa, ukuba iNkosi uYesu ingandixelela ukuba yintoni na ingxaki yakhoh?”

Ke, wathetha ebhekisa kwitoliki, wathi, “‘Ewe.’ Wayekhohwa yiloo nto.”

Ndaze ndathi, “Awukwazi kuthetha siNgesi, konke?” Yaze itoliki yamxelela.

Wathi, “Hayi.” Wayengazi kwamazwi wesiNgesi. WayengowaseMexico. Ke ngoko ndathi ndaku. . .

<sup>28</sup> Waqala umbono. Ndathi. . . Abawutoliki umbono, yabona, kuba uthetha ungayeki. Abaze bawutolike umbono, ngoko, ude ube uphelile wonke, baze ke babaxelele oko kwenzekileyo. Ke, ngoko, xa ndandiqala ukuthetha, ndabona umbono. Ndathi, “Ndibona intombazana encinane emalunga neminyaka emithandathu ubudala. Inxibe ilokhwe echakwe ngokwamaskotshi, inemicwe yeenwele ezimnyama zijinga emqolo kuyo, zinamaqhina okuhombisa kuzo. Ihleli ngakwiziko lokubasa lakudala. Kukho iketile enkulu, kwaye idla umbona obomvu kuyo. Idle kakhulu umbona yade yagula ngokoyikekayo. Iyawa, aze unina ayibeke phezu kwebhedi, inesifo sokuxhuzula. Yaye yiloo nto eyenzeka kuye. Yabona?” Ndathi, “Waba nesifo sokuxhuzula, ukusukela ngoko.”

Yaye ngokukhawuleza, phambi kokuba kubekho nabani na onento ayithethayo, yakhangela kwitoliki, yathi, ngolwimi lwayo, “Bendicinga ukuba akakwazi kuthetha Spanish.”

Yaza itoliki yathi, “Ubuthetha iSpanish?”

Ndathi, “Hayi, mhlekazi. Ndithethe isiNgesi.”

Yathi, “Ke, ithi uthethe iSpanish.”

Ndayibamba loo nto. Ndathi, “Misani izishicileli.” Kwakukho iqela elikhulu lezishicileli-mazwi, mhlawumbi amashumi amathathu azo awayeqhubeka, ngaloo mihla.

Mzalwana Roy Roberson, wawungekho phaya? [UMzalwana Roy Roberson uthi, “Ewe.”—Mhl.] Ewe. UMzalwana Roy Roberson, noDade Roberson nabanye, babekho.

<sup>29</sup> Ngoko ndathi, “Misani izishicileli. Yidlaleni kwakhona.” Kwaye yayisisiNgesi eneneni. Kodwa, uyabona, ngoko xa ndaqalisa. . .

Okoko nje umbono wawuqhubeka, ndandithetha isiNgesi kodwa yona yayiyiva ngeSpanish. “Kutheni na ukuba sibave sonke ngabanye ngezakwamawethu iilwimi, esazalelwa kuzo?”



Yabona? Yaye, kodwa, ndathi nje ukuba ndiqalise ukuthetha, ngokwam, yaze ngoko ayeva nento enye endandiyithetha. Kodwa ngeli thuba intambiso yayiqhubeka. . .

<sup>30</sup> Ngoku dibanisa loo nto nePentekoste, kube kanye nje. Yabona? Sihlobo, uThixo ungumgwebi wam. UMoya oyiNgwele wayenza loo nto. Ngoku masiyibuyisele emva kwiPentekoste, kuvele oko sikuthethayo. UMoya oyiNgwele wawungenakwenza ntonje—nje ukuze kuthiwe Uyenzile. Kunyanzelekile ukuba kube ngenxa yesizathu esithile. Yabona?

<sup>31</sup> Ngoku, ngaloo Mini, “Kutheni na ukuba sibeve sonke bethetha ngezakwamawethu iilwimi, esazalelwa kuzo? Aba bonke, bathethayo, asingamaGalili na?” Babesazi njani ukuba babengamaGalili, ukuba babengathethi siGalili? Babenziba ngokufanayo bonke. Babesazi njani ke ukuba babengamaGalili? “Aba bonke, bathethayo, asingamaGalili na? Kutheni na ke ukuba sibave bonke, ngezakwamawethu iilwimi, esazalelwa kuzo?”

<sup>32</sup> Ngoko, nako kuphakama enye indoda, umGalili, uPetros, waze waqalisa ukushumayela kubo. Yaye kwathi ngandlela ithile, kweso sihlwele sabantu, amawaka amathathu emiphefumlo amva oko akuthethayo, aze eza aguquka, anikela ngobomi bawo kuKristu.

<sup>33</sup> Ngoku phula-phula. Makhe ndikuthathele iSibhalo sibe sinye kwakhona, nceda. Masiye ngaphaya kuPawulos oNgcwele omkhulu, yaye sizakufunda isahluko se-12 samaKorinte okuQala. Size ke sitsibele kwisahluko se-13 samaKorinte okuQala, xa uPawulos wayethetha malunga, “Ukuba iindlebe ziyakuthi kwimpumlo, ‘Andikuswele nganto,’” njalo-njalo, amalungu oMzimba. Ukuze kwisahluko se-13—se-13, phula-phula ukuba wathini na ngoku.

<sup>34</sup> Ngoku, siyazi ukuba kukho iintlobo ezimbini zeelwimi ekuthethwe ngazo eBhayibhileni. Olunye lwazo yintetho, oko kukuthi—oko kukuthi intetho ethile yasemhlabeni. Ngoku, olunye lulwimi olungaziwayo.

<sup>35</sup> Ngoku, abaninzi kuni bantu bathandeka kakhulu. . . Ndinixelele ukuba ndingowenkonzu kaMoya. Ngoku, abaninzi babantu bethu bayakholwa yiloo nto, ukuba, xa bamnkela uMoya oyiNgcwele, baphakama nje bathethe ngolwimi olungaziwayo. Loo nto yechasene kangako neSibhalo. Baze abantu bangayazi loo nto bayithethayo. Kodwa, ngoMhla wePentekoste, wonke umntu wayazi into ababeyithetha. Yayikukuphuma oko, ukuya kuzo zonke iintlanga. Yabona? UYesu wathi, “IVangeli mayishunyayelwe kulo lonke ihlabathi, kuqalelwa eYerusalem.” Nantso into eyabanga ukuba kube lolo hlobo.

Ngoku qaphela. UPawulos watsho, ukuthi, “Olunye ulwimi, ukuthi, ukuba uthethe ngalo, ulwimi olungaziwayo olusisipho seelwimi, ngaphandle kokuba lutolikwe kungenjalo kube ngokwesityhilelo, ukuba alusayi kunceda kakhulu.”

Size sifumanise ke, ukuba, kwisahluko se-13, wathi, “Ndingafanelana ndithetha ngeelwimi zabantu,” ziintlobo zeelwimi zasemhlabeni ezo, “okanye ezeeNgelosi. Ndingafanelana ndithetha ngeelwimi zabantu okanye ezeeNgelosi, ndingenalo uthando, andinto yalutho.” Ngoku unganako ukuthetha ngokukoko ngazo zombini iilwimi zabantu nezeeNgelosi, ube nangoko ungenawo uMoya oyiNgcwele.

<sup>36</sup> Besingasandula kuyifumana, kumaHebhere 6? “Imvula eyawa kwingqolowa nakukhula.” Akazange athi uYesu, “Imvula inela abangamalungisa nabangemalungisa”? Yabona? Kwalo mvula yenza ingqolowa ukuba ikhule, ikwayiloo mvula yenza u—ukhula. Kodwa, niyakuyazi, ngeziqhamo zayo.

Yaye isiqhamo sokuqala soMoya luthando. Oko kwathethwa nguPawulos, “Ukuba ndinako—ukuba ndinako konke, ndinokuthetha ngazo zonke iintlobo zeelwimi, ndingabinalo uthando, ukuzeka kade umsindo, ukulunga, ukholo, ukunyamezela, njalo njalo, akundincedi nto.” Yabona?

<sup>37</sup> Uze uqaphele ke malunga nezipho. Uthi, “Owu, *nantsiya* indoda ebalulekileyo yakwaThixo. Owu, yenza imimangaliso.” Loo nto ayikayenzi ibe yenyanisileyo.

<sup>38</sup> “Ndingafanelana ndinesipho semimangaliso,” watsho uPawulos, kumaKorinte okuQala, into elolo hlobo, “ndingafanelana ndinokholo ngokokude ndisuse iintaba, ndingenazo iziqhamo zoMoya, uthando, andikabi nto yalutho.” Yabona? Kuba, ukholo luyakwenza nantoni na.

Kungoko ndihlala ndisithi, “Awuphiliswa ngomlinganiselo wosindiso lwakho, ngokufanele wena. Uphiliswa ngokokulinganisa kokholo lwakho, ‘Ukuba nje unokukholwa.’”

<sup>39</sup> Ngoku, yabona, “Ndingafanelana ndithetha ngeelwimi zabantu nezeeNgelosi, ndingenalo utha- . . .” nakuba ndiyenza loo nto, “Andinto yalutho.” Kuba, uyabona, akukho nto unokuyithetha.

<sup>40</sup> Ngoku, kubahlobo bam abathandekayo bamaWesile. Ndinababini abahleli kanye apha, nakuyo yonke indawo. Ndinabo phaya phandle, abaninzi babo. Ibandla lamaWisile lalikade likholwa, phaya kudala ekuqalekeni, kumhla wabo wakudala, ukuba, “Xa indoda ithe yalikhola ngokwaneleyo, yangcwaliswa, ngokokude ikhwaze, yayinaWo.”

AbakwaMoya bathi, “Xa ithe yathetha ngeelwimi, yayinaWo.”

Kwimihla yanamhlanje ke, bathi, “Ukuba unolungiselelo lokuphilisa, unaWo.” Kodwa akukho nanye kuzo. . .

<sup>41</sup> Phulaphula, sihlobo. Musa ukuzama ukuxhomekeka nokufuna imvakalelo. Endaweni yoko, xhomekeka kwizinto eziyinene, yabona, hayi ukuvakalelwa. Ukukhwaza kulungile. Ukuthetha ngeelwimi kulungile. Ukudumisa iNkosi kulungile. Ukukholelwa ukuzuza imimangaliso kulungile, zonke ezo zinto.

<sup>42</sup> Noko kuziva, abanye babo bathi, “Owu, ndiWuve ngokungathi ngumoya ovuthuza ngamandla.” Omnye athi, “Ndive uMlilo ngaphakathi emphefumleni wam.” Intoni? Loo nto ayenzi ukuba kube yinyaniso oko, nangayiphi na indlela. Okubalulekileyo yinto oyiyo emva kokuba uyamnkele loo nto, uyabona, nantso into ebalulekileyo. Yabona? Ngoko awunakuWunamathisela nakuphi na ukuvakalelwa okuthile.

<sup>43</sup> Ngoku, leyo yeyona nto ingcono ngokwazi kwam okunyanisekileyo. Ngoku, ndisenokuba ndiphosisile; ukuba ndenze njalo, kungaba andisiqondanga kakuhle iSibhalo. Yaye ukuba loo nto iyechaseneyo, ke, andizimisele kuba ngochaseneyo. Yabona? Kodwa ndichaza nje eyam imbono yoko ndikholelwa ukuba kuyinyaniso.

<sup>44</sup> Ngoku, siza kuchitha ixesha lethu elininzi kakhulu apha kulento, phambi kokuba siqalise ukungena kwinkonzo yesiqhelo. Ke ngoku—ngoku, asizichaphazeli ezi zinto ngokuqhelekileyo apha emnqubeni, ngamaxesha athile. Eli ibe lityeli lokuqala, ndiyaqonda, kwithuba elide, malunga mhlawumbi nonyaka okanye emibini, okanye into enjalo. Ukuze ke mhlawumbi abanye babantu bethu bangene, baze bathi, “Ke, Mzalwana Branham, ndi—ndibe nemilebe ebebezelayo. Ndenze *oku*. Ndenze *okuya?*”

Ndithe, “Ke, kulungile. Loo nto yelunge kakhulu.”

<sup>45</sup> Ngoku, ukuba ufuna ukuthetha ngolwimi olungaziwayo, ndiyakholwa ukuba uThixo uyakukuvumela ukuba uyenze loo nto. Kodwa ngokweZibhalo, akukabikho nto uyiyo kude kufike uMoya oyiNgcwele.

Ngoko, emva kokuba uMoya oyiNgcwele ufikile, ngoko ungathetha ngeelwimi ube ne. . . UThixo uyakususa nje loo mvelo ubuyiyo, ayinqamle isuke kuwe, akwenze ube ngumkhonzi ongono onokuba nguyeyi. Usenokukwenza ushumayeke iVangeli. Usenokukwenza ukuba ube nesipho sokuthetha ngeelwimi. Usenokukwenza umprofeti. Usenokukunika umoya wesiprofetho. Usenako. Kunzima ukuchaza, oko Anokukwenzela kona. Okanye, Usenokukwenzela zonke ezo zinto. Kodwa into yokuqala, kukuba uqiniseke, ukuba, “Ngawo umnye. . .” Hayi ngokuvakalelwa. “Koko sabhaptizelwa Mzimbeni mnye ngaMoya mnye.” Ukuze ke izipho ziphume kuloo Mzimba, yabona, ukuthetha ngeelwimi nayo yonke into.

<sup>46</sup> Eyona nto kuyiyo, ukuba—ukuba kufika umNazarene enyuke esiza kum. Ungathi, “Mzalwana Branham, ngoku, nanku umNazarene nomWisile. Bathi bamamnkela uMoya oyiNgcwele xa bathi bakhwaza. Bathi bamamnkela uMoya oyiNgcwele.” Andithi abenzanga njalo.

Kodwa nantsi into enye endikhangela yona, “Ngesiqhamo sabo.”

Xa ithe yatyhilwa iNyaniso, abanye kubo bayaYijikela, ngokukrakra, “NguMtyholi lowo.” Ngoko, isiqhamo siyachaza ukuba siphuma phi na. Yabona? Oko kubonisa ukuba abakhange baWufumane. Kodwa abo bakulungeleyo ukuhamba ekuKhanyeni, bayalamnkela iLizwi.

<sup>47</sup> Apha kwithuba elithile elidlulileyo, ndandishumayela ezantsi eKentucky. Ngaphandle kwenkonzo ke, kwakukho indoda eyayiyeyenkonzoyayikholelwa ekubeni imihla yemimangaliso idlule. Yayiphethe isibane sokukhanyisa esandleni kuyo. Yaze yathi, “Bendilinde nje wena, mshumayeli.” Inguloo bawo mdala kunye nam, osewedlulayo ngoku.

Ndaze ndathi, “Ewe, mhlekazi.”

Wathi, “Ndingu*Sibani-bani*.”

Ndaze ndambamba isandla. Ndathi, “Ndivuya ngenene ukuhlangana nawe, mzalwana wam.”

Waze wathi, “Ndifuna ukukuxelela nje ukuba ndikholelwa ekubeni uphosisile ngenene.”

Ndathi, “Kulungile, unelungelo lokuyenza loo nto, ngokuba ungumMelika.” Waze wathi...Ke, uyabona, kwaye sine...Ndathi, “Ndiphosise entwenini? Ingaba uthetha malunga nempiliso?” Ndathi, “Uthini ngalaa ntombazana incinane inganxibanga nto ezinyaweni ibisandula ukunyuka phaya izolo, phezolo, inosana oluncinane?”

Yayingekho ngaphezulu kwamalunga neshumi elinesine leminyaka ubudala, okwayo, inganxibanga nto ezinyaweni. Encinane yakudala...Niyibiza ngokuba yintoni laa nto? Ilaphu lelinen, ilaphu lomqhaphu, okanye uhlobo oluthile lwelokhwe. Andazi nto malunga nempahla. Yabe—Yabe inosana oluncinane esandleni kuyo, yaze yenyuka yeza kum. Abantu bekrabe ezife...Yabe ilibandla lamaWisile eli, ibandla lamaWisile aseWhite Hill, ngaphandle nje kweBurkesville, eKentucky, apho ndazalelwa khona. Yabe inolosana luncinane. Ndaze ndathi, “Dade...”

Ndandibuzile, “Akukho mntu ugulayo?”

Yaze yenyuka iphumela apho, into encinane, enentloni, intlokwana yayo encinane ithotywe. Yaze yathi, “Ewe, mhlekazi, lusana lwam.” Yabe *isenjenje* loo nto incinane.

Ndathi, “Yintoni ingxaki yalo, dade?”

Yathi, “Linokuxhuzula.”

Ndaze ndathi, “Ukuxhuzula?”

“Ewe, mhlekazi.”

Ndathi, “Linethuba elingakanani lunokokuxhuzula?”

Yaze yathi, “Ke, ukusukela oko lwazalwayo, lwalumalunga nokusondela kunyaka ubudala.”

Ndaze ndathi, “Awunakundivumela ndilubambe olo sana?” Phaya phezulu ezintabeni umelwe kukuba uhoje malunga naloo nto.

Waze wathi, “Ewe, mhlekazi.” Wanikezela ngaloo mfo mncinane engalweni yam.

<sup>48</sup> Entliziyweni yam, ndema nje ndazola, okomzuzu. Ndathi, “Thixo, ukuba Uyakundivumela ukuba ndibazuze aba bantu, ngoko ndenzele into ngoku.”

Ndathi ndisalubambe esandleni sam, lwayeka ukuxhuzula. Ndakhangela kulo. Ndaluhlalisa, ezingalweni, ndadlala nalo, lwancuma luhleka. Ndakhangela ezantsi kuyo. Yaze yaphakama . . . Ithobe intlokwana yayo, iinwele zahlulwe kubini zijinga emqolo kuyo, zinemiphotho. Yaphakamisa intloko yayo, zabe iinyembezi zisihla ngezidlelana zayo. Amadoda agadalala emi apho, enamabhovu ebusweni, *angakaya*, zabe iinyembezi zisihla zibaleka ngezidlele zawo. Ndabheka-bheka. Ndathi, “Nalu usana lwakho, dade. UYesu Kristu uyaluphilisa.” Bathi abo bafazi badala baqalisa ukuquleka nokuwa phantsi, bagalelwa amanzi ebusweni, baphekuzwa.

Yaye—Yaye, kuba, ndathi, “Yintoni eyenza loo nto?”

Wathi, “Mnu. Branham, andinakwamkela nantoni na ndide ndibe ndiyibone ngokucacileyo.”

Ndathi, “Kulungile, intle loo nto, ndiyaqonda. Kodwa,” ndathi, “ndifuna ukukubuza, ukuba uhlala phi na?”

Wathi, “Emva ngaphaya kwentaba apha, kude. Khawuye nam ekhaya siye kudla isidlo sangokuhlwa ngokuhlwanje, ndiyakukupha amasi ke nesonka sengqolowa.”

Ndathi, “Ndingathanda ukuya, ndilambe ngenene, kodwa,” ndathi, “andinakuyenza loo nto. Ndimelwe kukugoduka nobawo osisizalwana sam.” Waze yena . . . Ndathi, “Ke, ndifuna ukukubuza. Ndifuna ukukubuza into. Wazi njani ukuba uzakuya kufika ekhaya?”

Wathi, “Ke, ndizakuhamba nje ndinqumle laa ntaba.”

Ndathi, “Uyalibona ikhaya lakho?”

Wathi, “Hayi.”

Ndathi, “Ngoko ke wazi njani ukuba uzakuya kufika phaya?”

Wathi, “Ikho indledlana ekhokelayo.”

Ndathi, “Kodwa, nangoko, awukwazi kulibona. Yaye ubusandula ukundixelela ukuba awunako ukwamnkela nantoni na ngaphandle kokuba uyibone, ngokupheleleyo.”

“Owu,” wathi, “ndizakuthatha nje ukukhanya ndihambe nokukhanya.”

Ndathi, “Yiloo nto kanye ke le ndizama ukuba ufikelele ekuyenzeni.”

Kanye njengokuba loo lanteni ikhupha ukukhanya, uhamba ekuKhanyeni njengoko Yena ekukuKhanya. Siyakufika phaya ngokukhuselekileyo. Nakuba ndingasiboni nje isiphelo, ngokucacileyo, kodwa ndiyazi ukuba siyakuba lapho.

Masithandaze ngoku.

<sup>49</sup> Bawo waseZulwini, sinombulelo kuWe ngokulunga kukaYesu Kristu, Lowo ungumbindi wothando. Kwaye ndandihlala ndicinga ukuba Wawundiqumbele, kodwa uYesu yena wandithanda. Kodwa ndiye ndafumanisa ngoku ukuba uYesu uyintliziyo kaThixo kanye, ngoko ndi—ndiyazi ukuba Uyandithanda nokuba—nokuba weva ubunzima ngenxa yam.

<sup>50</sup> Kwaye, Bawo, Thixo, ndithandazela eli hlabathi namhlanje, nelizwe lethu. Ndiyathandaza, Nkosi, ukuze uxolele ezizezam iziphoso nangenxa yeziphoso zabantu bakuthi, abantu Ondinike bona ukuba ndibaluse. Kwaye ndiyathandaza ukuba Ubasikelele, kunye naye wonke umntu obelapha kule nkonziso incinane, othe wabuza imibuzo. Kungenjalo—kungenjalo, kwanga kungenzeka ukuba ndibe ndithethe nantoni na echasene noko bakholwa kuko. Nkosi, andinako ukuyicacisa, koku kwam. Andikwazi. Kodwa makuthi... Awunakuthi Wena wenze nje ukuba bazi, Bawo, ukuba entliziweni yam, ndithetha ukuthini na? Nceda. Ndiyathandaza ukuba Wenze loo nto. Basikelele, bebonke.

<sup>51</sup> Sisikelele ngoku njengoko silindele kwiLizwi laKho, kwimizuzwana embalwa phambi kwenkonzo yobhaptizo. Sincede ukuze sithethe oko kulungileyo. Sincede, kulo Myalezo wangokuhlwa nje, njengoko umqala wam uburhwexa. Ndiyathandaza ukuba Undincede, Thixo othandekayo, uze Uphilise nkqu nabagulayo nabaxhwalekileyo abaphakathi kwaba bantu. Kuba oko sikucela eGameni likaYesu. Amen.

<sup>52</sup> Ngoku, ukuba ninako, okwale mizuzwana imbalwa ilandelayo, masityhile ngaphaya kwiNcwadi yamaRoma, isahluko se-6.

Oo, khanime. Ndiyakholwa ndifumene... Masithi, ndisenemfumba yeminye imi-... Uthi, Ndiza kuyiphendula le ngokuhlwa ngolweSithathu, ukuba kuyakulunga oko. Ndigqibile, seliphele kakhulu ixesha ngoku. Andikhangeni ndiyiqaphele leya ibihleli phaya kwade kwangoku nje.

Ngoku, kumaRoma isahluko se-6, masifunde.

*Masithini na ngoko? Masihlale sihleli na esonweni, ukuze ubabalo lwande?*

*Nakanye. Thina safayo nje kwisono, singathini na ukuba sahlala kuso?*

*Anazi na, ukuba thina sonke...sabhaptizelwayo kuKristu Yesu sabhaptizelwa ekufeni kwakhe?*

*Ngoko ke sangcwatywa naye ngokubhaptizelwa ekufeni: ukuze njengokuba uKristu wavuswayo kwabafileyo ngalo uzuko loYise, sithi ngokunjalo nathi sihambe sinobomi obutsha.*

*Kuba xa similiselwe kuye ngentsobi yokufa kwakhe, somiliselwa kuye nangeyokuvuka kwakhe.*

<sup>53</sup> Ukuba ndinokuthabatha itekisi ngokuhlwanje, malunga nje namashumi amabini emizuzu, ndingathetha oku, “ukubandakanywa,” *Ukubandakanywa NoKristu*.

<sup>54</sup> Niyazi, bakho, kwilizwe lethu namhlanje, abantu abaninzi kakhulu abanganelisekanga. Yaye kuyamangalisa, xa uthi ujikeleze ufumanise okungaka ukunganeliseki. Abantu kunzima ukuba bazi ukuba yintoni na abafuna ukuyenza. Behla ngendlela beqhuba malunga namashumi asixhenxe nasibhozo eemayile ngeyure, kwindawo ekuqhutywa kuyo ngamashumi amathathu eemayile; batshixizise iziqhobhoshi bajike ngokukhawuleza ekujikeleni, baqalise ngesingako isantya ngokokude batshise amatayara abo aphantse ukusuka, ukuya kwisakhiwo sasesixekweni, ukuyela nje ukuhlala bancokole okomzuzwana. Kukhangeleka ngokungathi abantu abayazi eyona nto bayifunayo.

<sup>55</sup> Abanye babo baphazamiseka kangako ngokokude behle baye kwivenkile yamachiza bazithengele imbodlela yetyhefu, incindi yetyhefu etshisayo okanye enye into, bazibulale. Babafumana belele befile. Abanye basuka bavulele imibhobho yerhasi ngaphakathi egumbini, kungenjalo bahlale kwiinqwelo-mafutha zabo befake umbhobho ukuze umsi okhutshwa yinqwelo-mafutha wesile ungene, bezama ukumnka ebomini. Abanye babo bayakukhwela benyuke phezulu ebhulorhweni, babhale isaziso esincinane basincamathise kwiibhatyi zabo, bayibeke phantsi, bazijulele ekufeni phakathi emlanjeni; betsiba besihla ezintabeni, kwiinkcochoyi eziphakamileyo. Abanye ke bayakuthabatha umpu bawubeke ebunzi kubo, baze eneneni badubulise ubuchopho babo buphume. Abanelisekanga nje.

<sup>56</sup> Izibhedlele zizele ngabantu abanganelisekanga. Amaziko abagula ngengqondo ayaphuphuma. Ukunganeliseki! Abazi ukuba yintoni na ngenene abayifunayo. Kukhangeleka ngokungathi ikho into abalangazelela yona, kodwa abade bafikelele kuyo.

<sup>57</sup> Yaye kananjalo, sifumanisa ukuba, amakhaya, wona angumqolo wesizwe ne-nebandla, sifumanisa ukuba amakhaya aphukile, neenkundla zokuqhawulwa komtshato ziyaphuphuma kukuqhawulwa komtshato. Ubutsotsi, oo—oomama beshiya abantwana babo abancinane neempelesi no—nokumnkisela, ukuya ngaphandle kuye kusetyenzwa kwindawo ethile, ngeli thuba abayeni babo benazo izithuba zemisebenzi, kodwa abanelisekanga nje kukuba ngumama nokuhlala ekhaya. Abanelisekanga kukunxiba iilokhwe kwamanenekazi. Ba—Bafuna ukunxiba njengamadoda. Amadoda afuna ukuba njengabafazi. Yaye besuka nje...Kukhangeleka ngokungathi ikho into eyonakeleyo, kwindawo ethile. Abantu ke kukho into abafuna ukufikelela kuyo, yaye abanakuyifumana. Yimo elusizi ukuba kuyo.

<sup>58</sup> Bakhangele kuyo yonke indawo, ukuze kubekho nto bayifumanayo, ukuze bazenzele umzekelo. Sithabatha abafazi bomhla wethu, bayakubukela umabonwakude bade babone umdlali obalaseleyo othile kwibhanya-bhanya. Okanye, uyakuphuma, enxibe ngendlela ethile, baze bonke abafazi bafune ukunxiba njengaye, kungenjalo benze njengaye, bamenze umzekelo. Amantombazana athile amahle, besekutyatyambeni kobomi kanye, ayakuzama ukuzifanekisa, bazame ukwenza umdlali webhanya-bhanya obalaseleyo abe ngumzekelo amelwe kukuhamba ngawo. Ukuze ekugqibeleni azifumane ebopheleleke kumgibe wesono abangenakuphuma kuwo. Olunjani usizi! Ukuwabona engena enkonzwani, iinyembezi zisihla zibaleka ngezidlele zawo, kodwa kukho into ethile ayizingelayo.

<sup>59</sup> Sithabatha amadoda. Amadoda, uwabhaqa esitratweni kungenjalo kumashishini awo. Ixhego lifuna ukuba ngosakhulayo. Liyakucheba iinwele zalo zingabikho, zibe sibatya ngaphezulu, lenze i—isisila sehobe ngemva. Lifuna ukuba ngosakhulayo. Osakhulayo ufuna ukufana nabanye babakumkani bomjuxuzo werock-and-roll. Baphelela phi ke? Esonweni nasehlazweni.

<sup>60</sup> Indoda ikhangeleka inganelisekanga. Ibaleka kuyo yonke indawo. Bayakuthabathisa, baphulaphule unomathotholo, ukuze bafumane iziqhulo nezinto ezenziwa ngabo baqhuli baphambili. Yaye ayakuphuma azame ukulinganisa kungenjalo—kungenjalo ukwenza njengabo bantu.

<sup>61</sup> Ungathabatha inkwenkwe encinane esitratweni. Indlela endiyazi ngayo loo nto! Yaye inyanzelekile ukuba ibe nguPaladin, okanye kungenjalo uHopalong Cassidy. Okanye...Nehlabathi lezoshishino libamba loo nto lenze izigidi zeedollar ngayo. Kuyanyanzeleka ukuba abe ngooRoy Rogers, okanye u—uMnu. Dillon, okanye—okanye othile wenkqubo yokunxiba kamabonwakude.



Bazama ukulinganisa loo mntu. Yaye bazibekela bona njengemizekelo. Babathabathe bayi—bayindlela yabo yokuphila. Bafumana ntoni ke ekupheleni kwendlela? Abo bafu bancinane bajikela ekubeni ngamaqela alwayo nabaphangi. Abafazi bajika babe ngamahenyukazi, na—nabahamba izitrato, na—nabantu abanobutsotsi. Amadoda ajika abe ngabadlali bamaqashiso ngemali, nabo, “Bangabathandi beziyolo kunokuba bathande uThixo.” Amabandla azama ukulinganisa elinye ibandla, ibandla elikhulu.

<sup>62</sup> Sikhangeleka nje ngokungathi siyabona, akukho kwaneliseka phakathi kwabantu. Into abayenzayo. . .

Yintoni eyenza ukuba benze oku? Kungenxa yesizathu. Yimvelo. UThixo wabanika loo mvelo. Banemvelo ebona ukuba bafune ukuba nento ethile abazibandakanya nayo. Kufanele ukuba kubekho into ethile abafuna ukufana nayo, injongo ephakamileyo ebomini.

Bafuna ukuba ngumdlali bhanya-bhanya obalaseleyo, kungenjalo umngqingi weencomo, okanye—okanye into ethile ekolodidi.

<sup>63</sup> Bendisiva kunomathotholo, ekubuyeleni kwam ekhaya, apho ithe khona indoda ebalulekileyo yomTaliyane, eDenver, yazama ukudlala into ethile kaHopalong Cassidy, into ethile, ngompu ohlohlweyo. Kwaze endaweni yaloo nto, yabe izakuba nguChester, ubomi bayo bonke. Yaze yadubula ilivi layo ledolo lasuka. Nantso ke.

<sup>64</sup> Kodwa bazama ukufumana into ethile abanokuzibandakanya nayo. Isizathu sokuba benze loo nto, kungokuba kukho into ethile ngaphakathi kubo. Yaye nguThixo owabenza loo nto.

Kodwa uThixo wabenzela umzekelo wokuzibandakanya nawo, lowo ke kwakuxa Wenza uYesu Kristu ukuba abe nguMsindisi wakho. Nango umzekelo. Nantso into efunwa ngabantu, bamelwe kukufuna ukubandakanywa noYesu, ukufana naYe.

<sup>65</sup> Ukuba onke amakhwenkwe amancinane afuna ukuba ngoHopalong Cassidy okanye—okanye abanye babanye aba; okanye amantombazana amancinane, oo-Annie Oakley njalo njalo; ukuba nje ebefuna ukuba njengoYesu, kangangoko befuna ukuba lolo hlobo, izikolo zeCawe ngeziphuphuma, kuyo yonke indawo. Ukuba abafazi abafuna ukuba njengomdlali bhanya-bhanya othile obalaseleyo, bebenokufuna ukuba njengoYesu; inkonzo, kuba, bekungayi kunyanzeleka ukuba bathabathe umnikelo. Ngokuqinisekileyo.

<sup>66</sup> UThixo wamenza umntu ukuba anqwenele ukuba nomzekelo. Kwaye uThixo wamnika umzekelo. Lo mzekelo nguYesu Kristu, ukubandakanywa naYe.

<sup>67</sup> Ngoku, ukuba nje singafana naYe ngokuthe chatha, ngoko bezingayi kuba zininzi kangako izinhanha ehlabathini. Bekungayi kubasabakho bantwana balambileyo ehlabathini. Bekungasayi kubakho ziwiski, okanye ukusela, nokudlala amaqashiso ngemali. UThixo wasinika umzekelo esimelwe kukufana nawo, kodwa siyakwala ukuba nguWo. Ngoku, nantso into engundonakele ehlabathini. Banawo umnqweno, uThixo ubanikile wona, kodwa bawujikele kwindlela engalunganga. Lithuba lokubuyela kungenwe kwindlela eyiyo, kuqaliswe ukujongwa eKalvari. Indalo iyakuqondakalisa oko.

<sup>68</sup> Ngoku, ukuba abantu balo mhla, benalo mnqweno mkhulu nelo bhongo likhulu lokufana nomntu othile, oyakuba ngumzekelo. Ukuba banokuthabatha uKristu njengomzekelo wabo, ngoko singane... Singaligxotha lonke ipolisa elalikho, kwesi sizwe. Wonke umntu angangothambileyo elulamile. Wonke umntu anganobubele abe nothando lobuzalwana, omnye komnye. Akunakuze kubekho tyala lokwalana lakhe laxoxwa kweli lizwe lethu. Akunakuze kubekho nakugula. Singazichitha nkqu nezibhedlele, ukuba wonke umntu ebezama ukwenza uYesu Kristu umzekelo wakhe. Asinakuze sibe nenye into esiyisweleyo.

<sup>69</sup> Ngoku, loo mvelo ingaphakathi emntwini, kodwa yena uyibeka kwinto engalunganga. Wenza umntu othile... Kwaye uyazi, iBhayibhile itshilo, ukuthi, “Siqalekisiwe xa sisenza inyama elona themba lethu. Xa uzama ukwenza inyama ibe yindawo owayame ngayo, kungenjalo ubeke ithemba lakho kwinyama,” iBhayibhile ithe, “uqalekisiwe.”

Niyazi kakuhle ke loo nto! Kulula kakhulu ukuyenza.

<sup>70</sup> Nanku unobangela wento eninzi yoko, ziitafile zethu zeendaba ezizele oolindexsha abangcolileyo; amakhaya ethu azaliswe yimifanekiso encanyathiselwayo ixhonywe. Izipili zethu zeendaba azicuthwa; zivuleke genge, zinokwenza naluphi na uhlobo lwesiqhulo, okanye—okanye zenze izinto ezoyikekayo. Akukho kuceceka phakathi kwethu, akusekho. Ndiyazi ukuba nicinga ukuba ndingqwalalala kakhulu kuloo nto. Kodwa yiyo... Kumelwe kubekho umntu othile ongqwalalala kuyo. Imelwe kukwenziwa kanye.

<sup>71</sup> Xa ndandiyinkwenkwe encinane, ndafunda incwadi ngo*Tarzan*, *IINKawu*. Umama wayeneragi yoboya awayeyiphiwe nguNkoksk. Wathen, eyayiphambi kwesipili sokunxibela. Ndayisika loo nto ndazenzela isuti kaTarzan, ndalala emthini isithuba seveki. Ndandifuna ukuba nguTarzan. Ndaze ndathi ndakufunda incwadi ethi *The Lone Star Ranger*, ndaqabela intonga yomtshayelo ndaphuma, ilihashi lam lokonwaba, ndizama ukuba yiLone Star Ranger.

<sup>72</sup> Oko akungaphezulu kokuba abantu befuna ukwenza. Yinto oyifundayo, ngumculo ophulaphula wona.

Ngena kwivenkile yokudlela, yaye yilaa rock-and-roll indala, akumangalisi ukuba abantu babe bayaphambana. Loo nto yanele ukuphambanisa uluntu.

<sup>73</sup> Kodwa, owu, ndiyakuba nombulelo, kwiNaphakade lonke, kuba ngenye imini ndafunda ngoYesu. Loo nto yandanelisa. Ndifuna ukufana naYe. Nanko umnqweno wam, ukuba nako ukujika esinye isidlele, okanye ukuhamba imayile yesibini. Ukuba nako ukuxolela, xa konke okuchasene nam kundiphikisa, ndingabambi kwanto ngakubani. Nakuba bekuphatha kakubi ngokufanelekileyo, okanye ngokungekuko ngokwenza kwakho okulungileyo, kodwa nangoko ubathande. Yiloo ndlela endifuna ukuba yiyo. Ndifuna ukuba lolo hlobo lomntu. Ndifuna ukuba nako, ukuba, xa ndicatshukiswa, ndingacaphukisi ndiziphindezele. Lolo hlobo lomzekelo awathi uThixo wasinika lona kuYesu Kristu. Simelwe kukubandakanywa naYe. Sinjalo.

<sup>74</sup> “Ubandakanywa njani naYe,” ungatsho, “Mzalwana Branham? Ngoku, ukufumana...umelwe kukunxiba ngokwabdlali ababalaseleyo baseHollywood wenze ezinye ezi izinto. Kodwa ke ubandakanywa kanjani noYesu Kristu?”

Kuqala, uyaguquka kwinto osele uyenzile. Ukuze ke ubandakanywe naYe, apha equleni. Akuthandabuzeki ukuba abaninzi bayakubandakanywa naYe, kwimizuzu embalwa. Equleni, ubandakanywa naYe kubhaptizo. “Kuba ukuba singcwatywe noKristu, sibandakanywe nokufa kwaKhe, ukungcwatywa, novuko.” Yiloo nto sibhaptizwa nje. Sihla singene emanzini, sibuye singamangqina wokuba siyakholwa ekufeni, ukungcwatywa, nokuvuka kukaYesu Kristu. Yaye ukuba sityalwe kwimfano naYe, ekufeni kwaKhe, uThixo wasinika idinga: siyakufana naYe, eluvukweni.

<sup>75</sup> Zibandakanye nekumkanikazi ethile yebhanya-bhanya, ubone ukuba uyakuba phi na. Zibandakanye nomngqingi weenkomo, okanye umfana oselula othile, ubone ukuba uyakuba phi na.

Kodwa ndiyakumema, ngokuhlwanje, zibandakanye noYesu Kristu, ekufeni kwaKhe, kuvuko lwaKhe, ubone ukuba uyakuba phi na eluvukweni. “Kuba ukuba siva ubunzima kunye naYe, siyakulawula kunye naYe.” UThixo usinikile idinga. Umnqweno wam opheleleyo kukuba njengaYe.

Ndithabathe, Owu Nkosi, undibumbe undenze. Ndenze ngokutsha. Njengaloo mprofeti wehlayo waya kwindlu yombumbi, ndaphule undibumbe.

<sup>76</sup> KwiTestamente eNdala, xa indoda yayifuna ukubandakanywa kwindlu kaThixo, yayithabatha eyona nto ingenatyala inokuyifumana, ixhwane. Kwaye yayisazi ukuba ixhwane lalikhululekile kwisono, kuba lalingazani nasono.

Yayihamba, ithabathe le mvana, ibeke izandla zayo phezu kwentloko yayo, ivume izono zayo. Ukuze ngokholo, ikhuphele izono zayo kwixhwane elo, ukuze ubumsulwa bexhwane bubuyele kuyo. Lize ke ixhwane life, ngokuba lalingumoni. Aze aphile loo mntu, ngesenzo sokholo, ngokuthobela oko kwathethwa nguThixo. Kodwa wenza ntoni? Wayebuya ngokuthe ngqo ephuma etempileni, esenaloo mnqweno mnye wayenawo ekungeneni kwakhe. Ngokuba, xa kwaphulwa elaa suntsu lobomi kwigazi...Lona, ubomi buqala kwiseli enye yegazi. Ukuze xa loo seli yegazi yaphuliwe, ubomi bemvana babungasayi kuhlangana, kungenjalo bungenakubuya bungene ngaphakathi kubomi bomntu, ngokuba yayibubomi besilwanyana. Umntu wayephuma esenaloo mnqweno mnye wayenawo, ngoko ke wayesenza isono ngokuthe rhoqo, lonke ixesha, kwakhona.

<sup>77</sup> Kodwa kwafika ixesha apho uThixo wasenzela khona umzekelo, yaye Wasinika iNkosi uYesu. Kwaye xa umoni wabeka izandla zakhe phezu kwentloko yaKhe ethandekayo, wavuma izono zakhe, zaze izono zakhe zatshintshelwa kungenjalo—kungenjalo zakhutshelwa ukusuka kumoni ukuya kuYesu; baze ubumsulwa bukaYesu bakhutshelwa, ngoMoya oyiNgcwele, babuya bangena kuloo mntu. “Usisidalwa esitsha kuKristu Yesu.” Nako apho ndifuna ukubandakanywa khona. IBhayibhile ithe, “Yena, engazani nasono, wenziwa isono ngenxa yethu.” Isizathu sokuba Eve ubunzima kwakungenxa yesono sethu. Yaye oko kuyinto elungileyo kanye, kungumsebenzi wethu ngenene, ukukhangela kwezi zinto siqiniseke ukuba le minqweno sinayo, athe uThixo wayibeka ngaphakathi kuthi, ukuze adale ngaphakathi kuthi, ukuba asenze sifune ukufana naYe.

<sup>78</sup> Ke ngoku, ukuba unokuyibona loo nto, ngokholo, ngaphambi kokuba umnqweno wenene ube wakhe wakuchukumisa, yiza ngaphambili, ubandakanywe kunye naYe elubhaptizweni. Ukuze ke njengoko utyalwa ngokufana nokufa kwaKhe, kwakungokunjalo uyakwabelana ngokufana naYe, eluvukweni. Kuba ekuphumeni kwaKhe engcwabeni, Wayesekwanguloo Yesu wangenayo engcwabeni. “Kwaye ukuba sikuKristu...” Singena kanjani? Ngobhaptizo loMoya oyiNgcwele. “Ngaloo mhla siyakuphuma sabelane ngovuko lwaKhe.”

Kwakukade kukho iculo elincinane endandidla ngokulicula, kwiminyaka eyadlulayo.

Ukufana noYesu, ukufana noYesu,  
Emhlabeni ndilangazelela ukufana naYe;  
Kuhambo lonke lobomi, ukusuka emhlabeni  
ukuya eBuqaqawulini,  
Ndicela kuphela ukufana naYe.

Ukusuka kwisitali saseBheteleham  
 kwaphuma  
 UMhambi, (uMhambi, kwihlabathi)  
 Emhlabeni ndinqwenela ukufana naYe;  
 Kulo lonke uhambo lobomi, ukusuka  
 emhlabeni ukuya eBuqaqawulini,  
 Ndicela kuphela ukufana naYe.

<sup>79</sup> Fumana isabelo ekuthobekeni kwaKhe, uyakufumana isabelo kananjalo kumandla aKhe. Fumana isabelo kwintobeko yaKhe, yaye uyakufumana isabelo kuvuko lwaKhe. Yenza njengoko wathi yenza ngako uThixo. Entliziyweni yam, eyona nto ibalulekileyo ndinokucinga ngayo, kukufana noYesu Kristu, ukubandakanywa kunye naYe. Yiloo nto ndibhaptiza abantu eGameni likaYesu Kristu nje, kungokuba nguYe esimelwe kukubandakanywa naye. Siphethe isibonakaliso. “Yonke into enisakuba niyenza ngeLizwi nokuba kungomsebenzi, yenzeni eGameni likaYesu Kristu, nibulela kuThixo ngaloo nto.” Yaye sibandakanywe naYe elubhaptizweni.

<sup>80</sup> Ngokuhlwanje, sizakubhaptiza, kwimizuzu nje embalwa, abantu apha kweli gumbi, abazele ukubhaptizwa. Yaye ukuba kukho umnqweno othile entliziyweni yakho, owufunayo, unalo naliphi na ibhongo elikhulu lehlabathi, guquka kuwo khona ngoku. Xelesa uThixo ukuba uyazisola ngenxa yokuba ufune ukuba ngumntu othile obalulekileyo wehlabathi. [Sisithuba esingenanto esi ekhasethini—Mhl.] Yithi, “Nkosi, ibhongo lam elipheleleyo kukufana noYesu.” Yiza ngokuzithoba, ngokuthobekileyo, ngoko, wakubeka izandla zakho phezu kweNtloko yaKhe, uze ngokholo uvume isono sakho. Yithi, “Nkosi, ndicela uxolo ngokuba ndenze loo nto.” Ngoko ke kuyakwenzeka ntoni? UThixo uyakukhuphela bonke ubutyala bakho phezu kwaKhe, aze athabathe ubumsulwa baKhe abubeke bubuye phezu kwakho. Ume ke ugwetyelwe, kuBukho bukaThixo, ngokuba ukholiwe kuYesu Kristu, uNyana waKhe. Elinjani icebo losindiso! Ngoko uyakufumana isabelo kubuqaqawuli baKhe. Ukulunga kukaThixo kuyakungena entliziyweni yakho. AMandla ovuko lwaKhe ayakukwenza umntu omtsha. Ayakukwanelisa konke ukulangazelela.

<sup>81</sup> Ngethuba ndandiyinkwenkwe, ndazama ukwenza yonke into. Nde—ndenza yonke into endandimdala ngokwaneleyo ukuba ndingayenza. Nezinto ezininzi endandingemdalanga ngokwaneleyo ukuba ndibe nokuzenza, ndazizama. Ndandidla ngokuthanda, ndiyakuthanda, ukuzingela. Ndandicinga ukuba yeyona nto ibalulekileyo leyo. Ndandicinga ngaloo nto. Utata wam wayeyinkweli. Ndandicinga, “Ukuba nje ndingaya kufika eNtshona ndiqhelise amahashe abo!”

Kodwa, mzalwana, ngaxesha lithile phaya ngasemva phezulu phesheya ezintabeni e-Arizona, ndithoba umhlambi

weenkomo, ngobunye ubusuku. Ndandihleli apho. Ndikunye nenkwenkwe eyayibizwa ngokuba nguSlim eyayinenkcaza endala, nesiqwenga sephepha phezu kwayo. Yayidlala. Omnye umfo ehleli apho, ongowaseTexas, ephethe ikatala, egingciza. Waze waya kufika kwiculo. Ndandithathe isali ndayithula ehasheni; ndingqengqise intloko yam, ndiyisebenzise njengomqamelelo. Ingubo yam iphezu kwam, mna ndingaphakathi apho, ndisanxibe izihlangu zam ezikhulu, iziporo ezibini zindibambile ndingafikeleli emhlabeni. Waqalisa ke ukucingciza.

Ezantsi emnqamlezweni apho wafa khona  
uMsindisi wam,  
Ezantsi apho ndakhalela khona ukucocwa;  
Apho entliziyweni yam lachats hazelwa iGazi;  
Uzuko kwiGama laKhe!

<sup>82</sup> Ndazama ukutsala ndinyuse ingubo yam, ukuze ndimise iindlebe zam. Ndakhangela phezulu, zabe iinkwenkwezi zindandela phantsi. Naloo mithi isebezayo yepayina yasezintabeni yakhangela ngathi iyakhwaza, “Adam, uphi na?”

Owu, ukufuya iinkomo yaba yinto yesibini. Ndafuna ukufumana uThixo. Kude lee apho, ndakhabalaza ngeso sibini seziporo, ndathi, “Mhlekaazi, andazi ukuba nguBani na, kodwa ungandigwebi ndide ndifumane into eyiyo.”

<sup>83</sup> Kwiintsuku ezimbini emva koko, ezantsi esixekweni, ndandihleli apho, kwaze kwathi emva kweentsuku ezimbalwa emva koko, emva koko kungqinga. Ndandihleli apho phezu kwesitulo eside sakudala somthi. Kweza intombazana encinane yomSpanish. Yaye ndandihleli, ndicinga ngoThixo, “Yayinokuba yintoni?” Encinane, intombazana yakudala yeza, mna ke ndiyinkwenkwe nje emalunga neshumi elinesibhozo leminyaka ubudala. Yawisa itshefu yayo yahamba yedlula. Ndathi, “Mfazi, uwise itshefu yakho.” Inginga nje ngoThixo zaziwuguqule umnqweno wam. [UMzalwana Branham unkqonkqoza epulpitini kane—Mhl.] Intliziyo yam elusizi yobu-Irish yayilambile. Kwakukho into endiyifunayo, into ethile eyanelisayo.

<sup>84</sup> UThixo undinike ilungelo lokuzingela, kwihlabathi lonke, e-Afrika, e-Indiya, ngaphaya kweentaba, eCanada, kwamanye yangawona mahambo aphambili, ndaze ndabamba ezona zinto zibhalwa phambili ehlabathini. Ilungile loo nto. Kodwa ayikho into eyakuthabatha indawo yala Mandla kaThixo ophilileyo, ukuze athumele loo Nto emphefumleni wakho.

<sup>85</sup> Ndakufika apho, ndiyazithanda iintaba. Ndiyakuthanda ukutshona kwelanga. Ndithi nje—nje ndigxumeke phantsi, ndibophe ihashe lam. Ndinyuke, ndiye kwincopho yeentaba, ndihlale iintsukwana, ndikhangele nje ukuphuma kwelanga

nokutshona, ndisiva ukhozi lukhala. Kumnandi. Ndiyakuthanda ukubalapho. Kodwa, mzalwana, intliziyo yam iyaqalisa ukundondoza nokubetha, ndakucinga ngo:

Ukungcola, ukungcola, imimoya engcolileyo yandonakalisa.

Konke kulungile akuza uYesu ahlale.

Ndiqale ukucinga ngabantu abagulayo, nolo bizo. Yaye kukho into ngaphakathi kwam, ekhwazayo, “Yihla uphume kwezi ntaba ngokukhawuleza. Yiya phaya ezantsi ebantwini.”

Ndifuna ukuzibandakanya ngokomkhonzi waKhe phakathi kwabantu baKhe. Owu, indlela endikuthanda ngayo ukuzibandakanya naYe. Ngoko, ngokubhekiselele koko, Uyabuya abe phakathi kwethu aZibandakanye nathi. Ulapha ngokuhlwanje, zihlobo.

<sup>86</sup> Lixesha ngoku lenkonzo yobhaptizo ukuba iqale, malunga nemizuzu elishumi. Yaye ndifuna ukuthetha lento inye phambi kokuba silwenze, phambi kokuba siluqalise. UYesu Kristu uNyana kaThixo...Kuninzi nje ukuthetha endifuna ukukutsho, kodwa andinalo ixesha.

UYesu Kristu, uNyana kaThixo, uZibandakanyile waziqondakalisa kwiLizwi laKhe. UYesu Kristu, uNyana kaThixo, uZiqondakalisile enkonzweni ngale ntsasa, ngokunikeza ngocalulo. UZibandakanya ngokuzisa umoni ephuma ekungcoleni kwesono, abe ngumntu omtsha, isidalwa esitsha. Athathe oyena mfazi uphantsi kungenjalo eyona ndoda iphantsi, inxila, owoyiswe butywala, nokuba yintoni na, amlungise amcoce, enze inene okanye inenekazi ngaye. YiNkosi yam leyo. Ithabatha indoda egulayo ixhwalekile, kungekho themba kuyo, iyiphakamise ingene kubomi obutsha kwakhona. Ukuze ivele phakathi kwethu, iZiqondakalise njengaloo Yesu mnye, ukwazi kwa iingcinga zentliziyo yethu. Ime phakathi kwethu, ebantwini baYo, uThixo ekubantu baKhe, eZiqondakalisa. Ulapha ngoku, kwaloo Moya uyiNgcwele.

<sup>87</sup> Phambi kokuba siqalise loo nkonzo apha ngaphakathi yobhaptizo, ngeli thuba abazalwana balungiselelayo, ndinomnqa ngoku. Ingaba bakho na apha abangakhange bathandazelwe, ngale ntsasa, ube ugula. Masibone isandla sakho sinyuka. Phakamisani izandla ukuba niyagula niswele, nibe ningakhange nithandazelwe, ngale ntsasa. Ningenamakhadi akuthandazelwa okanye nantoni na; nje—nje ugula uxhwalekile. Kulungile.

Masithobe iintloko zethu okomzuzwana nje.

<sup>88</sup> Nkosi, ndinalo mqala uxineneyo, ilizwi elirhwexayo, owu, ndiyathandaza ukuba Ungenise nzulu entliziyyweni, iMbewu, nakanjani na, entliziyyweni yabantu, ukuze kunyanzeleke

ukuba sibandakanywe naWe. Kuba, ngumzekelo wakudala apha ehlabathini, “Intaka yaziwa ngeentsiba zayo, umntu ke waziwa ngabo ahamba nabo.” Kwaye, Bawo othandekayo waseZulwini, siyathandaza ukuba ibe nguWe ohamba nathi. Nkosi, masifumane Wena, ukuba oko kubiza yonke into esinayo kweli hlabathi. Masibandakanywe, ngokuthi, “Laa ndoda ngenene ihlala noThixo. Umntu ehamba naye nguThixo.”

<sup>89</sup> Makuthethwe njengoko kwathethwayo ngoPetros noYohane, emva kokuba babedlule kwisango elibizwa ngokuba liHle, bathi, “Andinayo imali yona; kodwa endinako, ndikunika kona.” Yaze indoda esisiqhwala yaphiliswa. Yaye xa babephambi kwenkundla, abantu bathi baqonda ukuba yayingabantu abangazinto abangafundanga. Babengenamfundo, kodwa baqaphela ukuba babandakanyiwe nohlobo olulungileyo lwabahamba nabo. Babekhe bakunye naye uYesu. Thixo, ngumnqweno wentliziyo yam lowo, ukubandakanywa naWe, njengomnye wezicaka zaKho, njengalowo uKuthandayo, lowo uyakuba ngonyanisekileyo kuWe, aze agcine oko kuthethwa yiNcwadi yaKho, enze konke endikwaziyo ukukwenza, okulungileyo.

<sup>90</sup> Ngoku, Bawo, Awunakuthi kwakhona ngokuhlwanje uZibandakanye phakathi kwethu, ukuze abantu babenokwazi ukuba asiyiyo nje into ethile eyenye le, owu, ixesha elikhethelikileyo elithile, okanye—okanye into ethile elolo hlobo, Nkosi. Makwaziwe ngokuhlwanje ukuba UsekwanguThixo obelapha ngale ntsasa. Usenakwanaloo Mandla. Kwanezo—kwanezo zinto Uzenzileyo ngalentsasa, Usenokuzenza kwakhona ngokuhlwanje. Wathembisa ukuba ayakubakho gomhla wokugqibela.

<sup>91</sup> Abaninzi apha ababanga nakufumana lukholo lwaneleyo. Siyathandaza ukuba ubanike ukholo ngoku. Wenza ukuba uMoya waKho ubandakanywe phakathi kwethu, kuba Wena wathi, “Imisebenzi endiyenzayo Mna uyakuyenza naye, lowo ukholwayo kuM.” Ngoko ndiyathandaza, Thixo, ukuba uZibandakanye ukuba Ulapha kunye nathi ngokuhlwanje, ube usasithanda. Kwaye Ufuna ukuba wonke umntu olapha ngaphakathi, ongekabhaptizwa, ukuba eze abandakanywe naWe. Ukuze nabo babe ngabaxhamla kolu babalo lumangalisayo lunokutshintshwa; ukusuka kuthi ukuya kuYe, nokusuka kuYe ukuza kuthi; ubutyala bethu buye kuYe, ubabalo lwaKhe luze kuthi. Siphe, Nkosi. Yiva imithandazo yethu, njengoko sicela eGameni likaYesu uNyana waKho. Amen!

<sup>92</sup> Simi kwithunzi loThixo olungileyo olilungisa. Xesha ngalinye ababini okanye abathathu behlangana kunye eGameni likaYesu Kristu, Wathembisa ukuba Uyakuba phakathi kwabo.



<sup>93</sup> Ngoku, andazi, ndiyaqonda ukuba inxenye yamakhadi okuthandazela ithathiwe. Abanye kuni basenokuba banawo. Abaninzi kuni abanawo amakhadi okuthandazelwa. Akunamsebenzi nokuba unalo na okanye awunalo. Ukuba uyagula, uyagula. Yaye ukuba...Lo Thixo Wabhala le Bhayibhile, uyakholwa ngokupheleleyo kuYe? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ukuba Uyakubuya kwakhona angene phakathi kwethu, ukuZiqondakalalisa, ngaphandle kokushunyayelwa kweLizwi, ukuba Ulapha, egweba aboni ngokubonisa ukuba Ulapha; ukuba Ulapha ukuze aphilise abagulayo, aze atyhile oonobangela, njengoko Wenzayo ngethuba Wayelapha emhlabeni, ungayamnkela ngovuyo impiliso yakho? Ukuba uyakwenza njalo, phakamisa isandla sakho, naphi na. Asizi ku...asinayo kwa...andinakuba nandlela yakwazi ukuba ngawaphi na amakhadi okuthandazelwa abanike wona. Asizi kuba namakhadi akuthandazelwa. Nje, thandaza, ukholwe.

<sup>94</sup> Yaye ukuba Uyakwenza njalo, aZibandakanye, umelwe kukuba neentloni ngokungazibandakanyi wena naYe ngoko. Umelwe kukwenza njalo. Ngoku, naku ukubiza undikho okungqalileyo. Ebandleni ngale ntsasa sikhuphe amakhadi okuthandazela, sababiza beza esibingelelweni, sabathandazela. Waze uMoya oyiNgewele washukumisa ngexesha elimnandi kangako, ngokokude ndizive nditsalwa emacaleni, yabe ilixesha lokuhamba, kuba bendibuthathaka. Ke ngoku, apha ndithi, nina bangenawo amakhadi okuthandazelwa, okanye nokuba niyintoni na, nihleli apha esihlweneni, celani undikho. Ndiyanimema ukuba nenze oku, ukuba nikhholwe ukuba ibali endinixelele lona ngoYesu Kristu liyiNyaniso. Nize nithandaze, ukuba niyagula. Akunamsebenzi...

<sup>95</sup> Kusasa nje, ndizamile ukubona ukuba ndinokufumana abantu na abebengengabo abahamba kulo mnquba. Ngokuhlwanje, andikhathali nokuba uvela phi na. Thandaza nje. Ngoko ukuba laa Moya oyiNgewele mkhulu kaThixo, sinomfanekiso wawo phaya, ukuba Uyakungena phakathi embindini wale ndawo! Nikhe nandiva ndikushumayela kangako oko, ukuba Wasithembisa izinto, zokuba Uyakukwenza oko. Ke ngoko xa Wayesemhlabeni, xa Athe wabuyela ngaphakathi kwinyama yethu, Uyakwenza kwaloo nto. Ngoku, ukuba uyagula, thandaza. Ndiyakumema!

<sup>96</sup> Mema uThixo, uthi, "Thixo, uMzalwana Branham akandazi. Akukho nto ayaziyo ngam. Kodwa ukuba Uyakwenza nje ukuba ajikele kum, mandichukumise ingubo yaKho, uze ke Uthethe, ndiyakwazi ukuba Unxibelelene neli bandla." Ibandla ngabakhholwayo. "Ngoko ndiyakwazi ukuba Usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade." Uthandaze ke.

<sup>97</sup> Ndiva ndikhokelwa nje ukuba mandenze loo nto. Andazi ukuba kutheni na ndenze njalo nje, kodwa ndiva ndikhokelelwa ukwenza oko.

Ngoku, ukuba uyakuphakamisa intloko yakho.

<sup>98</sup> Kanye apha, kukhangele kum, umfazi omncinci obephakamise isandla sakhe *kanje*, ethandaza, kwimizuzu nje embalwa edlulileyo. Yaye uthandazela umntu ongomnye ongaphandle kwesiqu sakhe. Andizange ndimbone loo mfazi ebomini bam, ngokokwazi kwam. Ulundwendwe nje ngokupheleleyo kum. Kodwa uthandazela intombi yakhe, malunga notyando. Awuveli kwa kweli lizwe. Uvela eTexas. Lowo ngu-ITSHO INKOSI. Unalo ikhadi lokuthandazelwa? Awunalo? Awuliswelanga. Kholwa ngentliziyo yakho yonke.

<sup>99</sup> Bendiya njani into abethandaza ngayo? Uyabona ke? UThixo weZulu utyhila iimfihlakalo zentliziyo. Akazange ayithethe uDanieli loo nto ngomhla wakhe? UThixo utyhila iimfihlakalo zentliziyo.

<sup>100</sup> Naliya inenekazi lihleli ecaleni kwakho phaya. Livuyiswe kakhulu yiloo nto. Belihlutshwa yintliziyo, kwaye lifuna ukuthandazelwa. Ngoko ukuba unokubeka nje isandla sakho phezu kwalo. Kulungile. Ngoku, buyela eChicago uphile. Amen. Andimazi laa mfazi, naye, kungekho nto ndiyaziyo ngaye. Kodwa uThixo uyakwazi. Yabona?

UZibonakalisa ebandakanywe nathi. “Ukuba nje unokukholwa, zonke izinto zinokwenzeka.”

<sup>101</sup> Lo umncinci, umfazi womJuda ohleli apha, ebethandaza, naye. Injalo loo nto. Ubuthandazela mna ukuba kubekho into endiyithethayo kuwe. Ndiyibonile ingxaki yakho kusanje, kodwa andikhange ndiyibize. Kodwa ezoo nyawo ubuhlupheka zizo, zizakuphila. Ngoko musa ukuhlupheka konke ngaloo nto.

<sup>102</sup> Uyakholwa, nawe, nkosazana encinane ehleli apha? Uyakholwa kum ukuba ndingumprofeti waKhe, umkhonzi waKhe? Andikwazi. UThixo uyakwazi. Kodwa ukuba Yena unguMoya kaThixo unathi, ngoko Uyakwenza njengoko wenzayo uYesu. Ubuthandaza, kukhangeleke ngokungathi nditsalelwe kuwe. Nantsiya iNgelosi yeNkosi ecaleni kwakhe. Ukuba uyakholwa, ingxaki yakho yentliziyo iyakupheza, nokuqaqamba kwamalungu. Igama lakho unguNkoszn. Wisdom. Injalo loo nto. Phindela emva uphile, Nkosk. Wisdom. Andizange ndambona laa mfazi ebomini bam.

Kodwa, Yena unguThixo, ukuba uyakholwa nje yiloo nto.

<sup>103</sup> Apha, khangelapha. Uyalibona elaa nenekazi lincinane lihleli phaya liphakamise isandla sakho *kanje*, ngasemlonyeni walo? Kukho. . . Awukuboni okwa kuKhanya kundanda kanye phezu kwalaa mfazi phaya? Ngoku, khangelapha, kuza kanye kusiya ngakuye. Ndikubona Kusithi qheke. Unengxaki yesibindi, ukhathazwa yingxaki yesibindi. Yingxaki yesinyi. Kulungile, unguNkosk. Palmer. Kunjalo. Ndiyakhumbula

ngoku ukuba ngubani na. Andibonanga nje umbono; ndikubona uhleli ecaleni koMzalwana Palmer. Kunjalo, dade. Ngoku, hamba uphile. Kholwa, ngentliziyo yakho yonke.

<sup>104</sup> Naliya inenekazi elincinane lihleli emva kwakhe, nalo, likhangele phezulu, libumangaliswa, kanye emva kwakhe. Ucinga ukuba laa ngxaki yokudumba kwamadlala omqala kwabo bantwana babini iyakumnka, dade, nawe, kananjalo? Ngoko hamba indlela yakho, ugoduke, uvuye wonwabe. Beka isandla sakho phezu kwezo ntsana, zizombini zinezoo ngxaki. Neyakho ingxaki imnkile, nayo. Niphilisiwe, eGameni leNkosi uYesu, ninonke. Uzakuphila, phila.

<sup>105</sup> Uyabona ke ukuba uThixo ophilileyo uyaphila namhlanje? Mkhulu kangako, naphi na. Akanjalo Yena? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Awufuni kubandakanywa naYe? ["Amen."] Ngokuqinisekileyo, uyafuna. Ngokuqinisekileyo, ufuna kubenjalo.

<sup>106</sup> Ngoku masithobe iintloko zethu umzuzwana nje. Phambi kokuba ndi . . . Undenza ndibe buthathaka kakhulu. Bangaphi abafuna ukukhunjulwa emthandazweni khona ngoku, besithi, "Thixo, yiba nenceba kum. Ngoku ndifuna ukukholwa kwiNkosi uYesu. Ndi—Ndifuna ukuba zonke iingxaki zam zilungiswe ngoku?" [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] UThixo abe nani.

<sup>107</sup> Nkosi, Wena umbuyisileyo kwakhona uYesu kwabafileyo, uThixo weZulu, ndiyaKuthandaza, esikhundleni sabo, ukuba eli ibe lilixa abayakukholwa ngalo; beze ngaphambili, ukuba abazange bayenze loo nto ngaphambili, babandakanywe noYesu Kristu, apha kweli qula, ngokuhlwanje. Kuba iSibhalo sitshilo, ukuthi, "Ukuba singcwatywe naYe elubhaptizweni, sabelana naYe ngokufa kwaKhe, ngokunjalo siyakwabelana ngovuko naYe." Sisithembiso sakhe eso. Yaye uPetros omkhulu oNgcwele, wakudala, watsho ukuthi, ukuba, "Guqukani, nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono, naye niyakusamnkela isipho soMoya oyiNgcwele." Yonke le vekhi . . .

<sup>108</sup> Nanku umolokazana wam ehleli apha, Nkosi, uLoyce omncinane, elambile, enxaniwe, ezila, elindile. Nankuya udade wethu ehleli phaya emva, elambile, enxaniwe, ezila, elindile. Owu Nkosi, thumela uMoya oyiNgcwele khona ngoku ngandlela ithile, ungene kwesi sakhwiwo, uyichukumise imiphefumlo yabo ngaMandla wovuko. Banga bangaphakama beme ngenyawo, kuMandla ovuko, babandakanywe noYesu Kristu eluvukweni lwaKhe. Siphe oko, Nkosi.

<sup>109</sup> Xolela sonke isono. Qakatha yonke into ephosakeleyo, Bawo, usinike ubabalo lwaKho, njengoko sithandaza eGameni likaYesu Kristu.

<sup>110</sup> Philisa abagulayo nabaxhwalekileyo. Nkosi, ulapha Wena. Wena unguThixo. Wena, UZiqondakalalisile, Thixo. Yaye siyathandaza ukuba, ngokwazi imvelo yoMoya waKho, ukuba Wenza izinto ezimbalwa waze wanyamalala kubo, wabe umnkile ukuya kwenye indawo nokuya kungena kwesinye isixeko, waphuma wemnka. Kodwa Washiya umzila ngasemva, wokuba uThixo ophilileyo wayephila. Kwaye ndiyathandaza, Nkosi Yesu, ukuba—ukuba oku kube ngumdlu kwiintliziyo zabantu, ukuba abanakuze balibale ukuba uMoya oyiNgcwele ukho ukuze uphilise, usindise, nokuze uzalise ngokulunga kwaKhe. Sithandaza eGameni likaYesu. Amen.

<sup>111</sup> Ngoku, bangaphi apha abebesakubhaptizwa? Awunakuphakamisa isandla sakho, wena uzilungisileyo izinto zakho. Ungazilungiselela amanzi ngoko, kwimizuzwana nje embalwa.

Ke ngoku ngeli thuba silindele kuMoya oyiNgcwele, okweminye nje imizuzwana embalwa. Bangaphi apha abangekawamnkeli uMoya oyiNgcwele, benqwena, bethandaza ngokunyanisekileyo, ukuba bamnkele uMoya oyiNgcwele?

Teddy, ukuba unganako, okanye omnye wenu, eze kwipiyano, khona ngoku. Siza kucula amaculo athile khona ngoku.

Ngeli thuba, abafazi baza kulungiselela ubhaptizo, baye *kweli* gumbi. Amadoda aye ngaphaya *kweli* gumbi, alungiselela ubhaptizo. Ngeli thuba silungiselelayo, nathi, silungiselela eso siganeko.

<sup>112</sup> Ukuze ke silindele uMoya oyiNgcwele ukuba uze kuthi, utyhile kuthi ezo zinto Ufuna ukuba sizenze.

Ngoko ke sizakucima izibane, phaya kwiholo ephakathi. Abalungiseleli bayakungena emanzini baphume—baphume apha, ukuze ke si—sibe nenkonzo yokubhaptiza.

Umzuzu nje, kanye phambi kokuba usicime isibane, Mzalwana Evans. Ndifuna ukufunda iSibhalo esithile ngeli thuba silindileyo, okomzuzwana nje, ukuba ninganyamezela. Ngeli thuba baqalisayo ukulungiselela, ndingathanda ukufunda iSibhalo esithile apha.

<sup>113</sup> Bangaphi abakholwayo ukuba uThixo akanasiphelo? Ngokuqinisekileyo. Ukho apha kanye ngoku. Inye kuphela into omelwe kukuyenza, kukwamnkela uMoya oyiNgcwele, kukuphakama uMamnkele. Kuba, aMandla aKhe aqondakalalisile ukuba Ukho apha. Singanaso njani isithunzi esinye sokuthandabuza khona? Obuyintsikelelo, uBukho obungcwele buyayiqubhisa nje imiphefumlo yethu! Ndiziva ngokunga ndingakhala, ngelizwi lam lonke, ngenxa yokulunga kwaKhe. “Kwaye inceba yaKhe ihleli ngonaphakade kanaphakade.” Ulapha. Intliziyo yam iyavutha, yaye izaliswe luvuyo nokonwaba okugqithisileyo, ngenxa yoBukho baKhe.

114 Phambi kokuba babe bazakucima izibane, ndifuna ukufunda ngokuphuma kwiZenzo, isahluko so-1.

Yaye ndiyakholwa ukuba yonke indoda, umlungiseleli, okanye umntu olapha ngaphakathi, umvangeli, okanye nokuba yintoni na eyenye, oyakubakho kulento, yokuba, uThixo akanasiphelo. UThixo akanakwenza into enye ngenye indlela, aze aguquke enze *le*, ayenze—ayenze ngenye indlela. Umelwe kukuyenza ngendlela enye, lonke ixesha. Akenzanga njalo ke Yena?

Esi yaba sisibhengezo esaphuma sivela kuThixo.

*... Nina madoda akwaSirayeli, waveni la mazwi; uYesu waseNazarethe, indoda engqinelweyo nguThixo phakathi kwenu nge... zimanga nemiqondiso, awathi uThixo wayenza ngayo phakathi kwenu, njengoko nani ngokwenu nisazi:*

Luhlobo luni lwemiqondiso Awalwenzayo, ukuqondakalisa ukuba Yena wayenguMesiya? Ngokwazi iingcinga ezisezintliziyweni zabo. Ingaba kunjalo? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Oko kwathethwa nguPetros, “Ngemiqondiso nezimanga, uThixo waqondakalisa ukuba WayenaYe.”

*Yena lowo, ekhutshwe ngecebo elimisiweyo, likaThixo nangokwazi kwakhe kwenxa engaphambili, namthabatha, ngezandla zabachasene nomthetho nambethelela emnqamlezweni naMsika:*

*Athe uThixo wamvusa, eyikhulule inimba yokufa: ngokuba ebengenako ukubanjwa kuko.*

*Kuba uDavide uthi esingisele kuye, Ndahlala ndiyibona iNkosi phambi kwamehlo am... ngokuba ingasekunene kwam, ukuze ndingashukunywisa:*

*Ngenxa yoko, intliziyo yam yaba nemihlali, lwagcoba ulwimi lwam: ngaphezu koko... nenyama yam iyakuphumla inethemba:*

*Ngokuba akuyi kuwushiya umphefumlo wam kwelabafileyo, kananjalo akuyi kumnikela OyiNgcwele wakho ekuboneni ukubola.*

*Wandazisa iindlela zobomi; uyakundzalisa ngemihlali ngokubona ubuso bakho.*

*Madoda bazalwana, mandivunyelwe ndithethe kuni ngokuphandle ngomawokhulu uDavide, ukuba wafa wangcwatywa, nengcwaba lakhe likho phakathi kwethu unanamhla.*

*Ngoko kuba engumprofeti, ... esazi nokwazi ukuba uThixo wamfungela isifungo, sokuba esiqhameni sesinqe sakhe, ngokwenyama, uya—uyakuvelisa uKristu ukuba ahlale phezu kweTrone yakhe;*

*Uthe ebona ngenxa engaphambili wathetha ngako ukuvuka kukaKristu, ukuba umphefumlo wakhe ungashiywanga kwelabafileyo, nenyama yakhe ingabonanga kubola.*

*UThixo wamvusa lo Yesu, esingamangqina ako oko thina sonke.*

Owu, loo nto indivuyisa ngenene! Sisengamangqina aKhe. Wavuswa kwabafileyo. Uyaphila, ngokuhlwanje.

*Ephakanyiswe ngoko sisandla sokunene sikaThixo, . . . elamnkele kananjalo idinga lo—loMoya oyiNgcwele kuYise, uthulule oku, nikubonayo nikwayo kaloku nje nina.*

*Kuba uDavide enganyukanga waya . . . emazulwini: ke uthi ngokwakhe, Yathi iNKOSI eNkosini yam, Hlala ngasekunene kwam,*

*Ndide iintshaba zakho ndizenze isihlalo seenyawo zakho.*

*Ngoko mayazi ngokuqinisekileyo yonke indlu kaSirayeli, ukuba uThixo wamenza iNkosi noKristu, kwayena . . . lo Yesu nambethelelayo emnqamlezweni nina.*

Ngoku, wayethetha ngoluphi ulwimi, ukuze zonke iilwimi zehlabathi zimve?

*Ke kaloku bathe (abantu) bakukuwa oko, bahlabeka entliziyweni, bathi kuPetros nakwabanye . . . abapostile, Madoda bazalwana, sithini na?*

Emzuzwini nje odlulileyo, bebe “phambene,” kubo. Ngoku, emva kwentshumayelo enamandla eyayiphuma isiya kuso sonke isizwe esasimi apho, “Madoda bazalwana, sithini na?” Kwafika umgqaliselo ke ngoko. Ngoko waphe- . . .

*Uthe ke uPetros kubo, Guqukani, nibhaptizwe nonke ngabanye eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono, namnkele isipho soMoya oyiNgcwele.*

*Kuba idinga likuni, . . . nakubantwana benu, nakubo bonke abakude, esukuba iNkosi uThixo wethu iyakubabiza.*

*Nangamanye amazwi amaninzi wayeqononondisa evuselela, esithi, Zisindiseni kwesi sizukulwana sigoso.*

AsiyoVangeli inye leyo nale siyishumayela namhlanje! “Zisindiseni kwesi sizukulwana sibhekela phambili.” Mininzi imiqondiso nemimangaliso eyenziwayo, uBukho bukaYesu Kristu eZibonakalalisa ephilile. Kwanoloo bhaptizo lunye kwayalelwa ngalo apha, kuyalelwa kanye apha epulpitini, kananjalo, ngokuhlwanje.

*Bathe ke ngoko abalamkele ilizwi lakhe ngovuyo babhaptizwa: kongezelelwa ngaloo mini imiphefumlo engathi imawaka mathathu.*

115 Thixo othandekayo, abo, amagumbi azaliswe ngabantu abemileyo bebandakanywa naWe elubhaptizweni. NdiyaKuthandaza, Nkosi, esikhundleni sabo, ukuba Uthi ngobubele, Nkosi, ngelilixa, xa bephuma emanzini, kwanga kungakho nto ithile yenzekayo kubo, ukuze imiphefumlo yabo izaliswe nguMoya oyiNgcwele. Banga bangaphuma beshiya amanzi, bahambe bayekubonalisa Wena ekushumayeleni iVangeli, befundisa isikolo sangeCawe, bethetha ngeelwimi, becacisa iilwimi, besenza imiqondiso, izimanga nemimangaliso, kwaye, ngaphezu kwayo yonke into, uthando lukaThixo luvuthe emiphefumleni yabo, benolulamo, nokulunga, nonyamezelo, nokuthobeka.

116 Nkosi, Ndibanikela kuWe. Baziziqhamo zalemvuselelo. Yaye ndiyathandaza ukuba Ubagcine ngokulolonga kwaKho. Ukuze ngamhla uthile, njengoko ndimi apha ndithandaza phezu kweBhayibhile yaKho, emva kokuba ndishumayele ngokuphuma kuYo, ndacacisa ngentliziyo yam yonke oko ndicinga ukuba kuyiNyaniso, njengoko UyakuKutyhila kum.

117 Yaye, Nkosi, silindele ukubhaptizwa kwabo, njengokuba sisonke kwesisihlwele silindele uvuko. Kwaye ngamhla uthile, Nkosi, ngelithuba simi kunye kwiindawo zaseMazulwini, kwanga kungafika isandi esiphuma eZulwini. Liyakukhala ixilongo, abafele kuKristu bavuke, kuqala. Sanga singaxwilwa kunye naYe, sihlangebeze iNkosi emoyeni, size sihlale sihleli sikunye naYo. Siphe oko, Bawo.

118 Sigcine sisempilweni, sonwabile, sizaliswe kukukhuthala. Asiceli mali. Asiceli zinto zilula. Sicela kuphela ukufana noYesu. Sifuna ukubandakanywa naYe, ngohlobo olunye loMoya owawungaphathi kwaKhe, ukululama, ukulunga, sihlale njalo sisembenzini kaBawo.

119 Nkosi, ngelilixa lokuvalwa kwalemvuselelo, noku kubandakanywa kwabantu abaninzi abathandekayo, aha, hlala njalo uZibonakalisa, ngokubapha uMoya oyiNgcwele. Siphe oko, Bawo.

120 Sikelela lomnquba mncinane, sikelela wonke umlungiseleli, wonke umntu othe weza kuwo, lonke ibandla ebelikho apha.

121 Nkosi, ndiyathandaza ukuba Uthumele imvuselelo kulo lonke ibandla ehlabathini liphela. Yaye siyakubabona behlangana ngantliziyo nye nangamxhelo mnye, ukuza kubabalo lokuxwila lukaYesu Kristu ekuya kuphiswa ngalo phakathi kwethu. Sikucela eGameni likaYesu. Amen.

122 Ngoku izibane zizakucinywa, kwiholo ephakathi, okomzuzwana. Ezi tshefu sezithandazelwe. Ngoku ke izibane

zizakucinywa okomzuzwana nje omfutshane, ukuze—ukuze ngoko kuzole. Umlungiseleli uzakube ebhaptiza, omnye kanye emva komnye, side sibagqibe.

<sup>123</sup> [UMzalwana uBranham nabazalwana balungisa ngokutsha ukuma kwezinto eziseqongeni, belungiselela inkonzo yobhaptizo—Mhl.] Ngoku ukuba unokubona wonke umntu.

<sup>124</sup> Ngoku, nangalaa mboko mnye, wutsale laa mboko uhlele emazantsi equla phaya. Ewe. Kulungile. [Kukho umntu into exhasa umboko—Mhl.] Ingathi ungcono. Ewe. [Kukho umzalwana othi, “Wenzelwe ukuze silucholachole kakuhle kakhulu.”] Lo uya kwisishicileli-mazwi? [“Ewe.”] Kulungile. Wuthatheni niwusebenzise! . . . ? . . .

<sup>125</sup> Bendifuna ukuyenza loo nto, oku kwam, ngokuhlwanje. Ndiva ndinobushushu kakhulu. Yaye uMzalwana Neville ebephumle, ngoko sifuna ukuba umlungiseleli abenento ayenzayo ngalento, naye, umzalwana olunge kakhulu.

<sup>126</sup> Okomzuzu nje, izibane zizakucima, eholweni, nizakuba nakho ke ukubona, ngeglesi enkulu ejinga emva kwaso ikhangele kanye ezantsi kwiqula abazakungena kulo, bababeke, nje ukuba babe sebelungile.

<sup>127</sup> Kwaye xesha ngalinye, xa sibhaptiza, bayaku . . . amadoda amakhulu ayakutsala umdiyadiya. Loo nto iyakuvala kwicala labafazi, xa bephuma emanzini. Ukuze ngoko beze, omnye emva komnye kanye. Uyakuchaza igama lakho, uzichaze ukuba ungubani na, ubhaptizwe eGameni likaYesu Kristu.

<sup>128</sup> Ngoku, khumbula, njengo—njengomlungiseleli nje, onoxanduva nje ngaleVangeli inikezelwe kum. Ndingacebisa nabani na ongabhaptizwanga eGameni likaYesu Kristu, ukuze abhaptizwe kwakhona. Nantso into eyathethwa nguPawulos. Naxa basebhaptiziwe ngolunye uhlobo, kungekho ngeGama, wathi kuyakunyanzeleka ukuba babhaptizwe baphindwe, eGameni likaYesu Kristu.

<sup>129</sup> Wathi, “Nokuba iNgelosi izile yafundisa nayiphina into eyenye, maYiqalekiswe.” Loo nto ifumaneka kumaGalati. AmaGalati, isahluko so-1, ivesi ye-8. “Nokuba sisuka thina aba, kungenjalo iNgelosi ephuma eZulwini ishumayele iindaba ezilungileyo ezizimbi, mayiqalekiswe kuni.”

[Kuvulwa umdiyadiya wendawo yokubhaptizela—Mhl.]

<sup>130</sup> Ngoku, kanye phambi kokuba uqalise umsebenzi, uyabona wonke umntu? [Ibandla lithi, “Amen.” UMzalwana uNeville ubhaptiza abantu—Mhl.]





*UKUBANDAKANYWA NOKRISTU XHO59-1220E*

(Identified With Christ)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi ngeCawe ngokuhlwa umhla wama-20 Disemba, 1959, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-2004 ngabe:

©2004 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)